

# Lowo Ungaphakathi Kuni



Enkosi, Mzalwana uNeville. Inkosi ikusikelele.

Masime njalo okomzuzwana ngelithuba sithandazayo. Masithobe iintloko zethu ngoku. Kwaye bonke abaya kuthanda ukukhunjulwa kulo mthandazo, phakamisani izandla zenu nithi, “Thixo, ndim.”

<sup>2</sup> Thixo oneNceba oNgewele kakhulu, sizisa aba bantu phambi kwaKho, nezicelo abanazo. Bacela ukukhunjulwa. Kwaye, Nkosi, nesam isandla siphakamile. NdiyaKuthandaza ukuba ube nenceba kuthi. Uyazazi iintswelo zethu, kwaye sinqwenela ukuthandaza, njengokuba Wasifundisayo ukuba sithandaze, “UbuKumkani baKho mabufike. Intando yakho yenziwe emhlabeni, njengokuba isenziwa eZulwini.” Bawo, sizicelela inceba ngokuhlwanje, nokukhululeka koMoya, ukuze sibe nako ukuzisa ebantwini iNyaniso yeVangeli, noko sikukholelwa ukuba kunguMyalezo wale yure, weBandla laKho. Nkosi, sithandaza ukuba sibe yinxenye yeBandla eliya kubizwa likhutshwe kwimihla yokugqibela! Bawo, ukuba asiyiyo loo nxenye, ngoko sityhilele ukuba simelwe kukwenza ntoni ukuze sibe yiloo nxenye. Uze usiphe ubabalo, amandla, kule yure yokulingwa iphezu komhlaba ukuza kulinga bonke abo bahleli apha. Siphe uMoya oyiNgewele waKho, ukuze usikhokele usibonise, ukuze sithi ekugqibeleni, ekupheleni, size kuWe ngoxolo, ukwenzela obo Bomi bunguNaphakade athi onke amakholwa abuzingela ukusukela ekuqalekeni kwexesha. Sincede NKosi. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala phantsi.

<sup>3</sup> Ndiyavuya ngenene ngelilungelo lokuba ndibe lapha phandle ngokuhlwanje—ngokuhlwanje, nangobabalo lukaThixo esithe salinikwa ngoYesu.

<sup>4</sup> Kwakhona nango—ngoMyalezo wakusasa nje, ngoku, ndifuna ukuba wonke umntu aqonde ngokupheleleyo. Ngoku, ndithemba kuThixo ukuba asililo eloo xesha eli. ‘Yabona? Kodwa uMyalezo uyinyaniso. UMyalezo uyinyaniso. Iyakuba, iyakuba lelinye ixesha, ukuba asililo eloo xesha ngoku. Kwaye kukhangeleka ngokungathi lixesha elo, ndade ndaziva ndinje ngoPawulos wakudala, owathi, “Andikucezelanga ukunazisa lonke icebo,” ‘yabona, yonke into emelwe kukwenziwa.

<sup>5</sup> Kukho into enye endiyenzileyo ngale ntsasa, endilusizi ukuba ndibe ndiyithethile. Ndi—ndibize igama lomzalwana nto leyo ndicinga ukuba sisiphoso. Ngendingayenzanga loo nto. Andilibizi igama lomntu; kwaye ukuba kungenzeka ukuba elikhasethi liwele ezandleni zakhe. Kwaye ndifuna ukumbona

ndithethe naye, ngokuba ndiyacinga ukuba lo mzalwana, indoda ebalulekileyo, indoda elungileyo eyakhe yashumayela kanye apha kule pulpiti, uMzalwana uDavid duPlessis. Kwaye bendingazimisele kulibiza igama lakhe. Bendihlutshwa nguMyalezo, nokunjalo, malunga nokuba kungathini ukuba lilo ixesha eli, ndaze ndalibiza igama lalo mzalwana. Andiyenzi loo nto. Ndilusizi kuba ndiyenzile. Ndiyamthanda uMzalwana uDavid duPlessis. Ungumzalwana wethu, kwaye ndi—ndicinga ukuba indoda enengqondo olohlobo imelwe kukuba inolwazi ngeSibhalo. Ndizakunixelela ukuba yintoni na. Kukuthi, incoko awathi uDavid nam sanayo . . .

<sup>6</sup> Wakhe wandithethela ezinkonzweni. Wayekhe washumayela kanye kulepulpiti, okanye kulaa nkonzo indala, kanye apha epulpitini. Yaye umntakwabo, uJustus, wayeyitoliki yam eMzantsi Afrika, apho ndizakubuyela khona. Kwaye baphuma kusapho olulungileyo, usapho lwamaPentekoste, abantu abalunge ngenene. UDavid yena, ndiyakholwa, wayengusihlalo, ngaxesha lithile, wama-World Pentecostal Assemblies, kwaye ekwiNgqungquthela yamaPentekoste eHlabathi. Wayengomnye wosihlalo. Kwaze emva koko weza apha e-United States wahlala khona, ngaphandle eTexas, noMzalwana uGordon Lindsay, waze wasuka waqalisa ukushumayela jikelele kwiindawo ezahlukeneyo.

<sup>7</sup> Kodwa okwenzekayo, apho ndicinga ukuba umzalwana wethu othandekayo wenza impazamo; njengokuba nam ndinokuba nayo, okanye nabanina; waqala ukusebenza ngezinto eziya ziba phezulu. Wahhlala ethetha nge-University yase Princeton nendawo ezazimmema, ecinga ukuba wayesenza into elungileyo, eqhubela phambili okulungileyo; 'yabona, nokunjalo ukuvuya!

Ayabi koko kodwa, koko naMadoda angoSomashishini be-Full Gospel, abaxhasa inkonzo yam, ehlabathini jikelele—jikelele. 'Yabona? Ndi—ndiyawathanda loo madoda, 'yabona, kodwa ngokuqinisekileyo andingqinelani nabo kwimithetho-siseko a—aba—abayi. . . Bemkile be—bemkile kwindawo ababekuyo, imithetho-siseko yabo, baqalile, ngoku baba njengawo nawuphi na umbutho okanye nantoni na. 'Yabona? Into ekuyiyo ke, abazami kuhlala bengabomoya, koko bazama ukuxuba ipentekoste nako konke okunye kuhlangane.

<sup>8</sup> Kwaye kum kukhangeleka ngathi uMzalwana uduPlessis, indoda elunge ngolo hlobo, emangalisayo, imelwe kukwazi ngokwaneleyo ngeSibhalo ukuba xa ebona iintombi ezileleyo zizama ukuthenga i-Oli, ixesha lidlule. 'Yabona? Khumbula, zathi xa ziya kuthenga i-Oli, kwakungasekho Oli iseleyo. SiSibhalo eso. Zaze zathi, "Sipheni kwi-Oli yenu." kwiBandla, [UMzalwana uBranham unqonkqoza kane epulpitini—Mhl.] Kodwa azizange Ziyamkele. Linganako ukuxhumaxhuma,

lithethe ngeelwimi, nantoni na eyenye, kodwa, ngokweLizwi likaThixo Buqu, alizange liYamkele. Kwaye lalingaphandle kubumnyama obungaphandle; kwaye kukho ukulila, nesijwili, nokutshixiza kwamazinyo, ngethuba uMtshakazi onyuliweyo wayesele engene ngaphakathi. I—intombi ezingqondi ezazine—Oli ezibaneni zazo.

<sup>9</sup> Ngoku, nda—ndazi enye indoda, into esandula ukwenzeka ngenye imini. Into ekuyiyo, kukuthi aba bantu balungileyo, 'yabona, bafumane okuncinane, uyazi ukuba ndithetha ukuthini na, bafumana ukulandela okuncinane phakathi kwabantu. Yaye into yokuqala uyazi, beva ngathi nguThixo owenza loo nto. Kwaye ngamaxesha amaninzi, nguMtyholi owenza loo nto. 'Yabona?

<sup>10</sup> UYesu wayenethuba lokuba aye phambi koHerode; Wayenethuba lokuya phambi kwabaninzi, kwaye babefuna ukuMsebenzisa njengomntu wokuqhayisa. 'Yabona?

Nantso into abazama ukuyenza ngePentekoste. IPentekoste yaphuma kwezo zinto, ukuze yahluke. "Kwaye njengehagu ekuzityikatyikeni, nenja emhlanzweni wayo, ibuyela kanye emva kwakhona," kwaye ngoku ikwiBhunga loBunye benkonzo. 'Yabona? Imbi kakhulu loo nto. Iihlazo.

<sup>11</sup> Thixo ndigcine ndimncinane ndithobekile, ukuze Abe nokutyhila iNyaniso yaKhe. 'Yabona? Andikufuni konke ukuyenza loo nto; ingabi zizibane ezikhanyayo, nakutshawuza nakumenyeza kwihlabathi. Mandithathe indlela kunye nabambalwa abadeliwuyo beNkosi. Mandihlale neLizwi.

<sup>12</sup> Ngoku kuthethwa ngeBhunga loBunye benkonzo limanyana neVatican. Niyakholwa ukuba bangahlangana ngeLizwi? Basenokuba nako kumbutho, kodwa abanako kwiLizwi. 'Yabona? Injalo loo nto. Ngoko akukhonto inokwenzelelelwa. 'Yabona? Umbutho, uyafana nje, yonke yinto enye; kusemgceni omnye ngokupheleleyo, unina nentombi. Kodwa xa kufikwa kweli Lizwi, Ndiyichase ngokuqinisekileyo iWisile neBhaptizi namaRhabe, kanye njengokuba ndibuchasile ubuKatolika, kuba ngunina nentombi, ngokweliLizwi. Leli Lizwi endima nalo, 'yabona, *Eli*, iLizwi lonke laYo.

<sup>13</sup> Ngoku, lo mzalwana uthandekayo inguye nenkosikazi yakhe bazizihlobo ezikhulu zam. Abaninzi benu bakhe bambona ulindixesha apho wathi lo mzalwana uthandekayo, uthunye nguThixo wayenokuyeka inkosikazi yakhe... Kwakukho umntu othile owayixelelayo ukuba ikhangeleka njengo-Jacqueline Kennedy, yaze ke yenyusa ngohlobo olukhulu lokuchetywa kweenwele nento enjalo. Yintoni na? Izidibanisa nolohlobo lwabantu, lonke ixesha, kwaze ekugqibeleni...

Indoda elungileyo xa ithatha umfazi ongalunganga, uyakuthi yena mhlawumbi abe ngumfazi olungileyo okanye. . . Ndithetha, indoda elungileyo ethatha umfazi ongalunganga, uyakuthi mhlawumbi yena abe ngumfazi olungileyo okanye yona ibe yindoda engalunganga. Ndibonise abantu ohamba nabo, ndiyakukuxelela ukuba ungubani na. 'Yabona? Ngamaphuthi ahlathinye, ahamba kunye. Bhekela kwinto ebengezelayo!

<sup>14</sup> Ndakhe ndangena emgodini, ngenye imini, lee encotsheni yeentaba kumda we-Arizona ne-Mexico. Umzalwana uSothmann nam, lo uhleli apha, sasilapho kunye. Ndaze ndangena apha ndemba iqela lento ethile. . . Ikhangeleka kanye okwegolide. Kodwa inye kuphela indlela onokuqonda ngayo ukuba asiyogolide, ibengezela ngcono kunegolide. Iyabengezela. Igolide ke ayibengezeli, iqaqambe-bomvu. 'Yabona? Into ekuthiwa iyiyo ke, yi "golide yezidenge." Ayinaxabiso nangangelitye ekulo. Ibizwa ngokuba yintsimbi ebumlilo. Ndiyacinga, kwi-i. . . iinzululwazi zibika ukuba amanzi neencidi ezivuzayo, nezinto ezinjalo, akazange afikelele apho ngokwaneleyo ukuze ayenze iqine ayifikelelise kwindawo yokuba yenzeke ibe yigolide. Ngoko ke i-ibengezela ngcono, kodwa ayinawo amachiza kuyo.

Kwaye yiloo ndlela kanye obuyiyo uBukristu benkolo yokuzenzisa obuninzi, yabona, buyakubengezela, bubenjenge Hollywood. Kodwa iBandla liqaqambile yiVangeli. 'Yabona?

<sup>15</sup> Ngoku, dade othile olapha, uBilly usandulula ukundibonisa, ube nobubele ngokokude ufumane lo lindixesha *iLife*, lo mfanekiso, wawukhulisa, wokuya weeNgelosi ezisixhenxe, wawenza uthatyathwe uthunyelwe kum. Ngulaa mfanekiso lowo. Ke ngoku ukuba uyakuqaphela apha, njengokuba belimka, zinyuka zibuyela, emva kokuba iiNgelosi ziwuzisile uMyalezo wazo, lalikwimo yephiramidi; kanye njengoko ndanixelela kona, kwiinyanga ezintathu ngaphambi koko kawenzeke, indlela ekuya kuba yiyo. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, "Amen"—Mhl.]

Kwaye iNgelosi ebalaseleyo, amaphiko aYo esecaleni, ngemva, ebheke emva, niya Yikhumbula. Ndathi, "Intloko yaYo. . . Isiza ngesisantya." Aniwaboni khona amaphiko *phaya?* Nantso ke iNgelosi *phaya*, kanye njengokuba yayixeliwe.

<sup>16</sup> Ngoku, nguThixo kuphela onokuyenza loo nto. Banayo ifoto elapha, futhi, yomfazi ekwathiwa. . . Ngamaxesha amaninzi, abantu bathi. . .

<sup>17</sup> Ku-kucalulo, kuthiwe, "Lo mntu ugqutyuthelwe lithunzi lokufa, ithunzi elimnyama."

<sup>18</sup> Ngoku bathi, "Ke, ukuthetha nje oko." 'Yabona, ngabantu abangakwazi kuhamba yonke indlela abo, abanakuyibona loo nto. Banako ukukhwaza kunye nani, banako—banako

ukuthetha nani; kodwa xa kufikelela ekukholweni konke ngenene, ngokupheleleyo umphefumlo nomzimba, abakwazi ukukwenza oko.

Ngoko, kodwa niyabona, ukuba uThixo ukuyo le nto, exela iNyaniso, eli lixesha lokugqibela lembali. Le yeyokugqibela kwimbali yehlabathi. Iyavalwa. Akusayi kubakho xesha, ngenye imini. UThixo ungqinela yonke into, kokubini ngokomoya nangokwenzululwazi.

<sup>19</sup> Ndathi ndakuthi, inkwenkwe encinane, “INtsika yokuKhanya, ekhangeleka njengenkwenzwezi.”

<sup>20</sup> Bangaphi abakukhumbulayo, kumakhwahla, babedla ngokuYibiza ngokuthi “INkwenkwezi”? Ngethuba Wavelayo apha ngezantsi phezu komlambo, apho Wathi, “Njengokuba uYohane umBhaptizi, wathunywayo...”

<sup>21</sup> Ngoku, ekugqibeleni, Oko kwehla waza umfanekiso waKo wathathwa. Sasikade sinawo omnye apha, kwindawo ethile. Ewe, bathi ungaphaya ekoneni; andiwuboni. Ungqina ngokwenzululwazi ukuba yiNyaniso leyo.

<sup>22</sup> Ke ngoku, ekuthini abantu babe “Gqutyuthelwe.” Ngoku, kwakukho umfazi apha, ifoto. Nantsiya, iyeqhelekileyo, kanye njengayo nayiphina ifoto; njengale ithathe le, umatshini. Ndathi... Umntu othile wayemangalisiwe koko. Ndathi ke kuloo mfazi, “Ugqutyuthelwe ekufeni, ngumhlaza. Kukho ithunzi elimnyama.” Wajika wawuthabatha umfanekiso. Loo mfazi ebelapha ezokungqina, usenokuba lapha kwakhona ngokuhlwanje, ngokokwazi kwam. 'Yabona?

Ngoku, *nanko* loo mfazi enethinzi elimnyama phezu kwakhe. Kwalunga, ngoku, naso isibonakaliso senzululwazi sokuba oko kuyinyaniso. Kwaye ngokukhawuleza emva kokuba loo mfazi waxelelwa ukuba “Uphilile” bathabatha umfanekiso labe lingekho. Yintoni eyabetha kwiliso lekhamera ngoko? Yaze yemka, oko kwakunga—kwakungekho kwiliso lekhamera emva kokuba echazwe ukuba uphilisiwe? 'Yabona?

Ngoku, ndimi apha, ndanixelela ukuba ziyeza iNgelosi.

<sup>23</sup> UMzalwana uFred, engomnye...Ndikhe ndambona uMzalwana uFred emzuzwini nje odlulileyo. Bendinga ukuba ungapha nje, kodwa ndilahlekiwe nguye kwindawo ethile. Oo, ulapha emva, kunjalo. Wayemi kwi—kwimayile ezimbini, okanye kwimayile enehafu, okanye imayile ezimbini, ukusuka apho ndandikho; wakuva ukudubula, wawava amatye, nayo yonke into, ekudubuleni kwayo. Ingaba kunjalo, Mzalwana uFred?

Nazo ke iNgelosi ezathunyelwa kunye noMyalezo. Kwaye ukwakwimo yephiramidi njengokuba ndanibonisayo ukuba uyakuba njalo apha, ndanixelela indlela eziya kuma ngayo, phambi kokuba ndimke.

Ifoto emva kwefoto, kulo lonke ilizwe, yathatyathwa, kanye ungena eMexico, ingamashumi amathathu emayile ukuphakama namashumi amabini anesixhenxe emayile ukunqamleza. Uphakame kangangokuba nokunyakama okanye nantoni na akuna...Ukunyakama akuhambi kube ngentla kwesibhozo okanye isithoba semayile ukuphakama, ngoko zaziphaya phezulu kwindawo ekungekho nto inokwenza ukunyakama. 'Yabona? Kwaye oku kwaku, ndicinga ukuba kwakuphakathi kokuba ngamashumi amabini anesixhenxe eemayile ukuphakama namashumi amathathu eemayile ukuya emacaleni, okanye kungenjalo yayikukuba—yayingamashumi amabini-. . .Okanye amashumi amathathu emayile ukuphakama namashumi amabini anesixhenxe emayile ukuya emacaleni, enye kungenjalo enye. *ILife* ulindixesha wakukhupha, okanye *iLook*. Yayingowuphi, *yiLook* okanye *iLife*? *YiLife*? *ILife* ulindixesha. Ndiyacinga, lele-17 kuMeyi, iphepha. Lilo.

<sup>24</sup> Ngoku nantso ke, ngokwenzululwazi, kubonakalisa ukuba uyiNyaniso, ngoko ke si—asikhathazeki ukuba ngaba yiNyaniso na; ngokubini ngokwenzululwazi, nangokomoya oko kwathethwayo kwenzekile. Ngoko, uMyalezo waMatywina aSixhenxe ekuvaleni kwazo, lowo nguMyalezo weBhayibhile iphela. AMatywina aSixhenxe ayayivala iTestamente entsha ayitywine. Yinyaniso leyo. Ngoku, siyazi ukuba oku koku, ngentetho yesiprofetho, ngenzululwazi, nangeLizwi. Isithathu sinike ubungqina kuloo nto, ukuba iyiNyaniso.

<sup>25</sup> Ngoko ke, siyazi ukuba sikwixesha lesiphelo. Silapha. Andazi ukuba kukude kangakanani na, ndi—ndi. . . Akanakuze avume ukuba sikwazi oko, ngokuba uKuza kwaKhe kuyakuba “njengesela ebusuku.” Zihlobo zam, mzalwana wam, dade, masihlale nje silungile, kungabi namsebenzi. Masizenze msulwa nje. 'Yabona? Ngokuba, ihlabathi lizakuqhubeka kanye. Abanakuze bazi nokwazi ukuba kwenzekile. Zakuvalwa iingcango zenceba, abashumayeli bayakuba beshumayela usindiso, babe—besenza ukuba abantu baguquke, beqhubeka kanye njengokuba kwahlala kusenzeka. Kwenzeka kwezinye izigaba zexesha, kwaye kwenzeka nge. . . Kuza kwenzeka nakwesi sigaba.

UXwilo ke luyakuba ngesiquphe nangokukhawuleza kakhulu, kangangokuba ihlabathi alinakubaswela nokubaswela, kuba bemkile. Kulungile. Abasayi kwazinto ngaloo nto. Uyeza aMnyebezise emke. Luyakube lumkile, abasayi kwazi nto ngalo.

Ngoko, yiba semthandazweni. Ndithandazeleni. Ndiyakunithandazela. Asazi ukuba iya kuba nini na loo yure, kodwa siyakholwa ukuba kuzakuba kamsinya. Hlalelani kude kwizinto ezikhazimlayo. Hlalani neVangeli, 'yabona, hlalani kanye apho ngoku, nithandaze.

26 Ngoku, uBilly undibhalele incwadi apha, okanye isaziso gxebe, waze wathi kukho umntu obefuna ukusikelela usana. Ingaba kunjalo, (ingaba koko?) phakamisa isandla sakho, ukuba kukho. . . Ewe, ziintsana ezimbini. Kulungile, baziseni kanye ngoku. Kwaye uMzalwana uNeville. . . Kwaye Ingaba udade wethu okwipiyano angeza umzuzwana nje, kolu sikelelo losana. Asifuni kushiyelela nto.

27 Ngoku, khumbula, ngelithuba ngomso ngokuhlwa, iNkosi ithandile, ndiyakuba seSixekweni eNew York. Kwaye siyakuba lapho kwithafa ledabi ukuya “Umlo olungileyo wokholo.”

28 Ngoko kanye apho, dade, ukuba unganako. Kanye apha ngaphambili, kwaye ndiza kubathabatha ndibafunqule. Ewe, nkosikazi. Enkosi. Kwaye ngoku si. . .

29 Bangaphi abazakundithandazela? [Ibandla, “Lithi Amen.”—Mhl.] Ngoku, ukuba uThixo uthandile; oko, ndithembayo ukuba Uyathanda; ngeCawe, kwiveki. . . Ukuba kulungile kuMzalwana uNeville. [UMzalwana uNeville uthi, “Kulungile.”] NgeCawe, kwiveki, ndizakubuya kwakhona, kwindlela yam eya eLouisiana, ndikhe ndime apha ndiqhube inkonzo apha ebandleni. [“Amen.”]

30 Ndifuna ukunibulela nonke ngobubele benu. Elaa nenekazi lindithumele eza lekese phaya phezulu, ndi—ndiyayivuyela loo nto. Andazi ukuba lingabanina ela nenekazi. Kukho umntu ondithumele ibhokisi yeleekese namaqebengwana akhaphukhaphu alolo hlobo. Ngenene, ngenene ebenencasa. Ndihluthi ngawo khona ngoku, kwaye ndi—ndiyabulela. Ke ukuba ucinga ukuba ezo zinto zincinane azithethi lukhulu? Zithetha lukhulu ngenene; imiqondiso emincinane. Nabahlukileyo abanikela ngeziphoo zabo zothando. Bebonisa uBilly Paul benikezela ngazo, nezinto ezinjalo. Ndi—ndiyazifumana, 'yabona. Anazi ukuba ndizivuyela kangakanani na! UThixo anisikelele. Ndiyakuzikhumbula, 'yabona, ingaba uzikhumbula ngokungaphezulu kangakanani ke Yena. “Okoko nithe nakwenza kwaba bangabona bancinane baM, nikwenze kuM.” 'Yabona? Ngoku, inceba iyakubonakaliswa apho kunikezwe khona ngenceba.

31 Ngoku, sinabafo abancinane abahle apha. Ningathi. . . Ndifuna ukuba nihlale phaya nicule u— *Bring Them In*, [uBangenise—Mguq.], emva koku. Kulungile, nina bazalwana nyukani nize apha umzuzu nje.

Bethu, nanko owokuqala, amehlwana mabini amdaka andijongileyo, nolukhulu, uncumo oluhle. Ntombazana encinane, ngubani ela. . . [Umama uthi, “NguSharon Rose. Sharon Rose.”] Sharon Rose, ligama elikhulu elo kum. [“Samthiya, Mzalwana uBranham, ngalo wakho.”] Ngegama lentombazana yam eyemkayo. (“Samthiya ngayo ngaphambi

kokuba azalwe, Mzalwana uBranham.” Namthiya engekazalwa. Ukuba yayizakuba yintombazana, nanizakuyibiza ngokuba nguSharon Rose. [“Sasiqinisekile ukuba iyakuba yintombazana. Yona “Yanyanzeleka ukuba ibe yiyo.”] Kwanyanzeleka ukuba ibe yiyo. [“Sharon Rose Goodman.”]

Uyazi ukuba yintoni? Andazi nokuba uyayazi na loo nto okanye hayi; ukuba inkosikazi yam ibimi apha, ibiyakuquleka ndiqinisekile. Luhlobo olunye lwelokhwe olwalunxitywe yintombazanana yam ekusikelelweni kwayo, uSharon Rose omncinane. Lo mhlawumbi...Wanga lo angaphila; apho, uThixo athabathe wenyusa khona owam.

Ngubani ifani yenu? (Umama uthi, “NguGoodman.”) Nkosk. no...Ingaba ningabalapha esixekweni? [“EChicago.”] EChicago. Mzalwana noDade uGoodman, uThixo anisikelele.

Kwaye, uyazi, uSharon wam omncinane wayekhangeleka ngolohlobo. Andikholwa ukuba kukho umntu apha omkhumbulayo ngendlela awayekhangeleka ngayo. Wayenamehlo amancinane amdaka njengalawo, njengomama wakhe, intombazana encinane entle enenwele ezimnyama. Kanye emalunga...

Ludala kangakanani olu sana? [Umama uthi, “Zinyanga ezintlanu.”—Mhl] Inyanga ezintlanu. Yena wayenenyanga ezisibhozo ngethuba uThixo wambizela phezulu. Ndakhe ndambona, kancinane emva koko. Niyalazi eloo bali. [“Sinalo ekhaya, ekhasethini.”] Ninalo ekhaya, ekhasethini.

USharon Rose uvela eLizwini. Ndamguqula, ukusuka, “kuMfiyo waseSharon.” Waze Yena waswela omncinane, wabo, kwisibingelelo saKhe, ngoko Wamthabatha. 'Yabona? Kwaye ndiyakuba kunye naye kwakhona. Wanga uSharon wenu omncinane angaphila ukuzalisekisa ubomi owayeza kubuphila apha emhlabeni. Kwaye wanga angaba kunye nani eBuqaqawulini, njengokuba ndiziva ukuba uSharon wam uyakuba kunye nam.

Kunjani? 'Yabona? Uthetha ngento encinane ethandekayo, khangela le! Uluncumo nje wonke.

Masithobe iintloko zethu.

Thixo Othandekayo, njengokuba ndibambe obu butyebi buncinane, uSharon Rose omncinane. Uyazi ukuba entliziyweni yam, Nkosi, into endicinga ngayo, ngoko akufanele ukuba ndiyivakalise. Mayibongwe iNkosi uThixo Ophisa ngezi zinto zinexabiso ezintliziyweni zethu! Sikelela eli khaya lakwaGoodman. Banga abazali bangahlonelwa, njengokuba behlonelwe, ukuze babe nento enexabiso ekhayeni. Yanga ingahlala ekhayeni labo, Nkosi. Ukuze ukuba kukho ingomso, ingangangumfazi oxabisekileyo wangomso.



Kwaye ngoku, Nkosi Thixo, ekuthobeleni oko Wasiyalela kona, ngomzekelo waKho, ukuba sikwenze, Wathabathela abantwana abancinane ezingalweni zaKho wabasikelela, waze wathi, “Bavumeleni abantwana beze kuM.” Kwaye bezisa olu sana kum njengokuba ndisicaka saKho, njengokuba Watshoyo ukuba izicaka zaKho maziqhubele phambili umsebenzi waKho. Naku abakhonzi baKho bemile, uMzalwana uNeville, noMzalwana uCaps nam. Kwaye ngoku, Nkosi Thixo, usukile ezandleni zikayise nonina, sinikela kuWe uSharon Rose Goodman omncinane, esimsikelelela ubomi benkonzo, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

UTHixo anisikelele! [UDade uGoodman uthi, “Mzalwana uBranham, sinabanye abahlanu ekhaya, amantombazana amabini namankhwenkwe amabini.”—Mhl.] Abancinane abahlanu ngaphandle kwalo! [“Ewe”] Kumnandi kanjani! UTHixo akusikelele, Mzalwana uGoodman. UTHixo akusikelele, Dade, uGoodman. Kwaye yanga iNkosi ingamsikelela uSharon omncinane!

Kunjani, mzalwana? Ngoku masibone, ndi—ndi... Arnett. [Uyise uthi, “Arnett.”—Mhl.] Arnett. Arnett, kulungile. [“Uthiywe nga—uthiywe ngawe.”] Ingaba kunjalo? NguWilliam, uWilliam Arnett? [“NguJames William Arnett.”] James William Arnett. Yinkwenkwe entle le. Uyazi, kukho izinto esifaniselanayo ngazo, mna naye, sele zikho; amagama, sibe kananjalo sahlule iinwele zethu ngokufanayo, uyabona. Uyinkwenkwe entle, Jimmy. Ndiyakholwa ukuba nimbiza njalo, nguJames? [“NguJames.”] UJames, ngoko, kulungile.

Ingaba mhlawumbi ndingambamba? [“Usenokukuvumela.”] Andikwazi. Ngoku, Jimmy, kulungile, singotshomi ngenene. Uyayazi loo nto, awuyazi? Kulungile.

Masithobe iintloko zethu.

Nkosi Thixo, Wena ulisikelele eli khaya, ikhaya lakwa-Arnett ngale nkwenkwe incinane intle. Kwaye ndiyathandaza ukuba Usikelele uyise wayo, umama wayo, nabazizihlobo zayo. BangaMakristu. Indlela awathi ngayo lo tata walwa ngokunzima, loo midiza nezinto ezahlukeneyo, ukusuka... Ngenye imini waphumela ngo, “ITSHO INKOSI.” Wayenjengaloo mfazi mncinane wazingisayo ukuba uzakufika phaya. Nangona ishishini lakhe lasilelayo kuye, nayo yonke into yabonakala ngathi iyasilela, kodwa wathatha inxalenye yemali yakhe walindela ukufumana udliwano-ndlebe emva kodliwano-ndlebe, kwade ngenye intsasa kwenzeka. Wakholwa ukuba kuyakwenzeka.

Ngoku uzisa le nkwenkwe incinane othe Wamsikelela ngayo, Owu Thixo, isiqhamo somanyano lwabo. Ndiyamsikelela lo James William Arnett mncinane, eGameni likaYesu Kristu. Mnike ubomi obude. Menze ukuba abe

yindoda efanelekileyo yeVangeli yaKho yangomso, ukuba likho ingomso. Kwaye, ekugqibeleni, eBukumkanini obuyakuza, sanga singaba kunye apho. Mna. . . Njengesicaka saKho, sibeka izandla zethu phezu kwakhe simnikezela kuYesu Kristu, ukwenzela obu bomi benkonzo. Amen.

Nisikelelwe. UThixo akusikelele, mzalwana. Nina banye ababini? Aba isekwa ngabayaa. Kulungile.

Ndiyakholwa ukuba ungaphantse undifunqule, endaweni yokuba ibe ndim okufunqulayo. Kwaye lo ngu. . . [UMzalwana u-Arnett uthi, "...?..."—Mhl.] Nngu-Alfred, no-Al no-Martha. Malithi nje ibandla, ndiyathanda ukuba libabone abantwana. Ndiyacinga, xa bebancinane, bebatsha, balungile.

Ngoku masibeke izandla zethu phezu kwabo.

Nangokunjalo Thixo Onamandla onke, thina zicaka zaKho, sibeka izandla zethu phezu kwaba bantwana, umnakwe nodade balenkwenkwe incinane isandula ukusikelelwa apha. Sibeka izandla zethu phezu kwabo sisenzela u—unikezelo, ukusuka kumama notata, ukuya kwiingalo zikaYesu Kristu, sisenzela ubomi benkonzo, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

UThixo akusikelele. Al noMartha, dade, kumnandi ngenene ukunibona kwakhona. INkosi ibe nani.

Lo mfo uselula, bethu, uyinkwenkwe elungileyo. Ndandikade ndikwazi ukuzahlula iinwele zam ngolohlobo. 'Yabona? Ngubani igama lakhe? [Uyise uthi, "NguTerrell Keith Walker."—Mhl.] Ke. . . " NguTerrell Keith Walker." Herrell Keith Walker. Yinkwenkwe entle kanjani!

Ndiyamangaliswa, andazi nje, 'yabona. Ujonga kum ngokungathi umelwe kukwenza njalo. Ingaba mhlawumbi ndingambamba? ["Usana luyathetha—Mhl.] Ingaba kulungile, Keith? Owu, uyinkwenkwe entle. Ngokuqinisekileyo. Asiyonkwenkwe encinane isisithandwa le? Herrell. [Unina uthi, "NguTerrell."] Herrell, nguTerrell Keith Walker.

Thixo Onamandla onke, ukusuka ezingalweni zabazali ukuya kwiingalo zikaYesu Kristu, uTerrell Keith Walker omncinane sibeka izandla zethu phezu kwakhe ekumnikezeleni kuThixo Onamandla onke. Njengokuba uyise nonina benqwena kangako ukuba olu sana lube lukhuliselwe kwiziluleko zikaThixo. Ukuba likho ingomso, menze ukuba abe ngumkhonzi ofanelekileyo wolunikezelo, kuba thina bakhonzi baKho sibeke izandla zethu phezu kolu sana salunikezela kwiNkosi uYesu Kristu. Amen.

Anisikelele, Mzalwana Walker. Ingaba ngudade uWalker lo? [UDade uWalker uthi, "Ewe, mhlekazi."—Mhl.] Kumnandi kakhulu. Unenkwenkwe elungileyo. Kwaye wanga uThixo angakusikelela.

[UMzalwana uGramby uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Kulungile, mhlekazi. [UMzalwana uGramby uqhubela phambili ukuthetha.] Ewe. ["Waze wamthandazelwa ekuzalweni kwakhe. Wayezelwe eneqhubu emhlathini wakhe. Waze wamthandazela, laza ke lasuka ngoko nangoko."] Le ntombazana incinane inguMzalwana uGrimmsley wethu... [Lo mzalwana uthi, "Gramby."] NguGramby. Ndi—ndiyaphazamiseka. Ndinaye uMzalwana uGrimmsley, ndisoloko ndicinga... UMzalwana uGramby uzisa le ntombazana incinane. Kwaye ekuzalweni kwayo, yayineqhubu elikhulu ebusweni bayo. Ndaze ndayithandazela, laza eloqhubu lesuka. Kwaye ngoku bafuna ukuthandaza ngokuba... Ingaba abazali bangaMakristu? ["AbangoMakristu."] AbangoMakristu. Kwaye bayoyika ukuba umoya ongolileyo ufuna ukumphatha umntwana, bafuna ukuba ususwe.

Masithandaze.

Nkosi uYesu, phezu kwalo mntwana mncinane, njengokuba ebambelele esibingelelweni... Okuthetha ukuba, Ubonise iceba yokususa ilifa leqhubu emlonjeni wakhe. Ngoku umoya ongolileyo uzama ukuthatha ubomi balo mntwana. Akuthandabuzeki ukuba Wena ubunokuyisebenzisa le ntombazana, kwaye uceba ukwenza oko, noSathana uzama ukurhawula eloo cebo. Ngoko ke, siyamgxotha uSathana eGameni likaYesu Kristu, ukuba athathe i—izandla zakhe nobuqu bakhe bumke kulo mntwana njengokuba simnikela kwiNkosi uYesu Kristu, sisenzela uzuko lukaThixo. Amen.

Mzalwana uGramby, ukholwe. Umntwana mncinane kakhulu ukuba angade abenokuba nokholo, kodwa kuya kwenzeka.

<sup>32</sup> NdiyaMthanda. Animthandi? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Uyamangalisa.

Ngoku, wonke umntu, bendithembisile ngokuhlwanje ukuba ndiyakuphuma ngecala leyesibhozo, ngoku oko kundinika isiqingatha seyure. Andazi ke malunga naloo nto. Ndisenokuba ngemva kwethuba kancinane kunoko. Kodwa ngoku masi... .

<sup>33</sup> Ndiyavuya ukubona uMzalwana uDauch apha kusanje. Kwaye andazi ukuba enye indoda iye phina; kodwa kusanje, ukuba nje ebe newele, bekukho indoda ehleli phaya emva, ebiliwele naye ngokugqibeleleyo. Ndathi, "Ngowuphi uMzalwana uDauch?" Ndajonga emva naphambili, kwaye bendiza kuyichaphazela; koko bendifihlwe kakhulu eMyalezweni. Uyazi, Mzalwana uDauch ukhangeleka kanye njengokuba wawuhleli unjalo. Ndivuya kakhulu ukubona ekulaameko.

<sup>34</sup> Kutsha nje ndifumene umnxeba ovela kude osuka eTucson, ukuya kumthandazela kwakhona, ngokuba into ethile eyenye

yayenzekile kuye. UMzalwana uDauch, ndiyacinga, unamashumi alithoba okanye amashumi alithoba ananye. Unamashumi alithoba eminyaka ubudala, ndiyakholwa, okanye amashumi alithoba ananye. Umzimba ke uyaqobeka. Kodwa, “Zininzi iimbandezelo zelungisa, kodwa uThixo ulihlangula kuzo zonke.”Kwaye ngamanye amaxesha, umzimba usakube ufike kwindawo apho ungenakubambana kwakhona ndiyazi ukuba ubambebele kwiSandla. Nangona iligada lothuli, uThixo wathembisa ukuba uyakuluvusa kwakhona, ngemihla yokugqibela. Ndaye ndinombulelo kakhulu.

<sup>35</sup> Ndikhumbula uMzalwana uDauch, ekungeneni kwakhe equleni apha esiya kubhaptizwa eGameni likaYesu Kristu, kwaye wayengenazo nempahla apha aza kubhaptizwa ngazo, kodwa wafuna ukungena nakanjani na. Kwaye uThixo ube nenceba kulaa ndoda. Ungacinga nje, unamashumi amabini eminyaka ukudlula ixesha uThixo awamthembisa lona. 'Yabona? Ukuba ayilobabalo olo!

Kwaye wathi esangqengqile, ngenye imini, enokuphelelwa okugqibeleleyo kwentliziyo, nokuhlaselwa yintliziyo, 'yabona, ngaphezu koko. Kwaye ukuba uThixo akazange ayiphilise laa ndoda ayibuyise ukusuka apho, ngesiqhuphe. Kwaye ndiyakholwa, ukusukela ngoko, ugqirha wayo wasweleka. Ingaba kunjalo? Ndiyaqo-...Ewe, ukuba nogqirha, ugqirha womJuda o—owayemxilonga, nezinto ezinjalo, aze ame eholweni athethe nam ngaye, uselemkile. 'Yabona?

Bethu, lungakanani, lonzulu kangakanani uthando lwaKho, Owu Nkosi! Lungakanani ukuba lukhulu uthando lwaKho!

<sup>36</sup> Ngoku sinazo iitshefu apha esiza kuzithandazela, emizuzwini nje embalwa. Kodwa ndiza kuthetha nani kancinane ngokholo, ukuze sibone ukuba iNkosi isikhokelela phina, ukuba siza kwenzanina ukusukela apho ukuya phambili. Kulungile, masiyiyekele kuYe, nantso indlela engcono. Owu, ukuhlala kunye kwiindawo zaseMazulwini!

<sup>37</sup> Ndithethe nabanye babahlobo bam, namhlanje emva kokuba ndiphume eBlue Boar ngaphaya. Ndaze ndathi, “Niza kuyilinda na inkonzo?”

<sup>38</sup> “Ewe.”

<sup>39</sup> Ndathi, “Kuya kunyanzeleka ke ukuba niqhube kude yeyeshumi elinesebini okanye eyokuqala intsimbi.” Balindele ukufika ekhaya malunga nentsimbi yesithandathu kusasa, kukude kakhulu. Ukhumbule, bangabantu, bedinwa kanye njengam. Emazantsi kakhulu eTennessee, nokujikeleza, baya khona. INkosi ibasikelele.

<sup>40</sup> Zininzi kakhulu izinto endinokuzithetha; ndilithatha lonke ixesha. Kodwa andi—andiniboni qho kwaye ndi—ndi—ndiyakuthanda nje ukuthetha nani, ngendlela ethile. Kodwa ukuba andithanga ndanixelela konke endikucingayo ngani, apha, . . . 'Yabona?

Ndifuna ukubaxelela aba bazalwana.

Abanye babo bazikhuphile iinkonzo zabo.

<sup>41</sup> UMZalwana uJackson, olapha kusanje unike okwa kutolika kulungileyo kwe—kwelwimi elingaziwayo athe omnye umzalwana walithetha, engqinela okanye exhasa ukuba IbinguThixo. Niqaphele ke, Akakhange athi Ubungaphosakelanga, Akakhange athi Ubungenjalo; Unike nje isiyalo sokuphulaphula. 'Yabona? 'Yabona? Ngoko, uMzalwana uJunior ebelapha kusanje, wayikhupha inkonzo yakhe.

Kwaye ndiyaqonda ukuba nabanye abazalwana abasuka ezantsi. . . ezinye iinkonzo ezisuka apha eSellersburg.

<sup>42</sup> No—noMzalwana uRuddell, ebelapha kusanje. Andazi nokuba balapha na ngokuhlwanje okanye hayi. Kulungile, balapha kwakhona ngokuhlwanje! Ngoko, iNkosi ikusikelele, Mzalwana uRuddell. Nawe. . .

Andikwazi nje ukukucacisa, oko nje ndikucingayo. Kodwa mhlawumbi. . . Kulungile, sakufika ngaphaya kwelinye icala, ndifuna ukuhlala nani isithuba nje seminyaka elishumi lamawaka, kube kanye, niyabona. Ngoko, 'yabona, siyakuyixoxa yonke.

<sup>43</sup> Ke ngelithuba isivuno sivuthiweyo, abasebenzi bembalwa, masiphande nzulu kuso, kungenzeka ukuba kubekho umoni ohleli kufuphi. Kungenzeka ukuba kubekho mntu uthile ngokuhlwanje osenokutshintsha yonke indlela.

Kwaye ukuba ibingelilo ixesha, kusanje, ngokuhlwanje zisenokuvalwa iiNewadi. Khumbula, akusayi kubakho nomnye oyakuphinde angene akube amagama lawo ekhululwe.

Phambili, ngoku, wonke umntu aphulaphulisise phambi kokuba ndifunde iSibhalo.

<sup>44</sup> Bonke abayakuze babenokuhlangukwa, uThixo wabeka amagama abo eNewadini yoBomi yeMvana ngaphambi kokuba lakha ladalwa ihlabathi. Bangaphi abayaziyo loo nto? SiSibhalo eso. Kwaye umchasi-kristu ngemihla yokugqibela, uyakusondela kakhulu njengento yokwenene, iBandla lenene, yonke into kanye njengokuba wayenjalo uYuda, ade abe nokulahlekisa nabona Banyulwa ukuba bekunokwenzeka. Ingaba kunjalo? Kodwa akukho namnye umntu onokuza kuYesu ngaphandle kokuba uThixo amthumele, kwaye konke uThixo awaMnika kona kuya kuza kuYe. Ukuze xa Athatha loo ncwadi, elo gama lokugqibela. . .

<sup>45</sup> 'Yabona, bonke kwisigaba sexesha samaLuthere, Wabakhupha bonke baphuma. Bonke kwisigaba sexesha sikaWesley, Wabakhupha bonke baphuma. Bonke kwizigaba ezahlukeneyo, nakwisigaba sobuPentekoste, Uyabakhupha baphume. Bakwelicala lingapha abasayi kugwetywa kunye nabaya. Bayaxwilwa. Ukuze ke lakuphuma igama lokugqibela, elalibekwe kwiNcwadi yoBomi yeMvana, eyayixhelwe kwangaphambi kokusekwa kwehlabathi; lakuba lihlangulelo gama lokugqibela umsebenzi waKhe ugqityiwe, Uyeza azokubanga oko Wakuhlawulelayo. Oko kwenza intliziyo yethu yophe. Kodwa ukuba besiyakuqhubeka iwaka leeminyaka emva koku, bekungasayi kubakho namnye usindiswayo.

Kwaye akukho namnye unokuhlangulwa ngaphandle kokuba wayebekwe kwiNcwadi yoBomi yeMvana ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Bangobani ke? Andibazi. Akukho mntu wumbi waziyo, 'yabona, nguThixo kuphela. Ndithemba ukuba sisonke, amagama ethu aye kuloo Ncwadi. Ukuba elam lalilapho, ndiqinisekile ukuba ndiya kuba phaya; ukuba lalingekho, andisayi kuba lapho. Kuphelele apho. 'Yabona, kuphela, kuxhomekeke nje kuThixo. "Asikokothandayo, obalekayo, koko kokukaThixo onenceba." 'Yabona?

<sup>46</sup> Ngoku masisondele ngoku eLizwini, ngayo yonke imbeko nokunyaniseka kwaye ndicinga ukuba yiloo nto esimelwe kukuyenza, 'yabona. Masiyiyeke yonke le mfeketho! Sihloniphe, sinyaniseke!

Ndiyaziqaphela ezo zivumo zezono ngamanye amaxesha xa be... Kumabonwa-kude, ngethuba babenenkonzo kaBilly Graham; ingekuba ndichasene noBilly Graham. Kodwa phaya eCalifornia, laa ndoda ishumayeleyo umyalezo omangalisayo ngobusuku baphezolo; washumayela kanye laa nto inye ndandiyishumayela apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, ngoDanyeli, "Ulinganisiwe esikalini wafunyanwa ulula." Bangaphi abebeyibonile? Ngabaninzi benu, ndiyaqikelela.

<sup>47</sup> Khangela, nikhe nababona aba bantu bephuma phakathi kwezitulo, behlafuna iintshungama, behleka, begobhana? Oko asikokuhamba phakathi kokufa nokuPhila. Asikokudanela isono, nokuguquka. 'Yabona? Yilento kanye uBilly abeyithetha, "Ukwenza isigqibo." Isivumo nje, samehlo omileyo, isigqibo, akukho nto siyiyo, akukho siyiyo konke. Umelwe kukuba udane ngenxa yezono ujike kuso.

Kwaye uBilly ngokwakhe uthe, "Oko kuyabonisa ukuba kumashumi amathathu amawaka, awunako ukufumana namashumi amathathu kwisithuba sonyaka." Wathi, ngenye imini "Yintoni undonakele ngeNew York? Ndandinenkonzo enkulu phaya, kwaze kwenzeka ntoni? Isono sibi ngaphezu kokuba sakhe sanjalo."

48 Kwaye siyakuqhubeka ukuya siba sibi. Akusayi kubakho ku-...nguquko yasizwe. Isizwe siphelile. Nguwe kuphela, umntu ngamnye; kwaye kwamsinyane kuya kudlula oko ukuba akusadlulanga. Ngoku, nize nikubhale phantsi oko nina bantwana basebatsha. Nibone ukuba ukude kangakanani na uMzalwana uBranham...AsingoMzalwana uBranham. Kukuthi nje oko ndikuthethileyo kuyinyani na okanye kuyimposiso. Isono siyakuya siba sibi ngokuba sibi side ngenye imini isibhakabhaka sivuthe, siyakuwela emhlabeni, uze umhlaba utshe ngobushushu obukhulu. Kodwa, abaHlangulweyo abasayi kuba lapha ngoko, bayakuba bemkile.

49 Ngoku kwiNcwadi kaMarko oNgcwele isahluko se-11, uYohane wokuQala 4:4 nakuMateyu 28:20, ndinqwenela ukufunda khona.

50 Ngoku, okokuqala, ndinqwenela ukufunda kuMarko oNgcwele isahluko se-11, nomqolo we-12 ukuya kowama-24.

Phulaphulisisa ngoku njengokuba sifunda. Kwaye oku kuza kuba sisisekelo sobungqina obuncinane, namazwi ambalwa okuvuselela ukuze ke sibone ukuba iNkosi iyakusenzela ntoni na. Wonke umntu makahlale nje phantsi esemthandazweni ngoku, njengokuba sifunda.

51 UMarko 11:12.

*Uthe ngengomso, bakubona ukuba...Baphumile eBhetani, walamba.*

*Wathi ebone umkhiwane ukude, unamagqabi, waya kukhangela ukuba angafumana nto nakuwo; akufika kuwo, akafumana nto, kwakuphela ngamagqabi; kuba belingelilo ixesha lamakhiwane.*

*Waphendula uYesu wathi kuwo, Makungaze kudle mntu siqhamo kuwe naphakade. Baye besiva ke abafundi bakhe.*

*Bafika eYerusalem. Waza uYesu eyekungena etempileni waqala wabakhupha ababethengisa nababethenga etempileni; wathi neetafile zabanini bemali nezihlalo zabathengisa ngamahobe wazibhukuqa. Wayengavumi ukuba kubekho ucanda etempileni ethwele isitya.*

*Wayefundisa, esithi kubo, Akubhaliwe na kwathiwa, Indlu yam iyakubizwa ngokuba yindlu yokuthandaza iintlanga zonke? Ke nina niyenze umqolomba wezihange.*

*Beva ababhali nababingeleli abakhulu; baye befuna ukuba bangathini na ukumtshabalalisa; kuba babemoyika yena, ngokuba indimbane yonke ibikhwankqisiwe yimfundiso yakhe.*

*Uthe ke kwakuhlwa waphuma, waya ngaphandle komzi.*

*Bathi bedlula kusasa, (ngoku yenye imini leyo), bawubona umkhiwane lowo womile, uthabathele kwasezinganjini.*

Kwisithuba samashumi amabini anesine eyure, ummangaliso wawenzekile, emva kokuba Wayethe kuwo, “Makungabikho mntu udlayo.” Akuzange kubekho nto, kwakhangeleka ngolo hlobo, yenzekayo ngoko; kodwa, ngosuku olulandelayo, wawomile.

*Ekhumbule uPetros, uthi kuye, Rabhi, khangela umkhiwane obuwuqalekisile womile*

*... Uphendule uYesu wathi kubo, Yibani nokukholwa kuThixo.*

*Kuba inene ndithi kuni, Othe kule ntaba, Funquleka, uphoseke elwandle, angathandabuzi entliziyweni yakhe, asuke akholwe ukuba ezo zinto azithethayo zinokwenzeka, wokuzuza oko athe wakuthetha.*

*Ngenxa yoko ndithi kuni izinto enisukuba nizicela, nithandaza, kholwani ukuba ninokuzamkela; noba nazo.*

*Naxa sukuba nimi nithandaza, ukuba ninendawo ngakothile, mxoleleni, ukuze noYihlo osemazulwini anixolele iziphoso zenu.*

*Ke, ukuba anixoleli nina naye uYihlo osemazulwini akasayi kunixolela iziphoso zenu. (Kusekezelwe kwiimeko.)*

52 Ngoku ndingathanda ukufunda kuYohane wokuQala 4:4.

*Nina ningabakaThixo, bantwanana, nibeyisile bona, ngokuba... (phulaphulisisa), lowo ukuni nguyena mkhulu kunalowo usehlabathini.*

53 Ndingake ndiyifunde kwakhona ngoku.

*Nina ningabakaThixo, bantwanana, nibesiyisile bona: (ithetha ngomchasi Kristu), ngokuba mkhulu lowo ukuni, kunalowo usehlabathini.*

Zizimelabizo ezibini, 'yabona, “Lowo,” isimelabizo somntu; “lowo” usehlabathini, na “Lowo” ukuni. “Lowo ukuni mkhulu kuna lowo usehlabathini.”

54 Ngoku, nakwi—kwisahluke sama-28 sikaMateyu oNgcwele, nakumqolo wama-20.

*Nibafundisa ukuba bazigcine zonke izinto endiniwesele umthetho ngazo... niyabona, mna ndinani yonke imihla, kude kube sekupheliweni kwephakade eli.*



<sup>55</sup> Ngoku umxholo ophuma koko, ngokuhlwanje, ndingathanda ukusebenzisa itekisi; u-*Lowo Ungaphakathi Kuni*. Kwaye phezu koku ndingathanda ukwakha ukholo, kakade, ukwenzela inkonzo yomthandazo. Ngokukhawuleza ke...

<sup>56</sup> Ngoku, kunjengokuba ndanixelelayo, ndiyathanda ukunazisa iziganeko ezenzekileyo. Kwaye ndidla ngokulinda ndide ndize apha e—ebandleni, ukuze ndizithethe ezi ziganeko. Kwaye ukuba abanye bangathanda ukuziva, bangazithabatha ngamakhasethi. Kodwa ndilinda ndide ndibe ndilapha.

Kwaye ke kukho, esi sona, isiganeko ndiza kunixelela ngaso khona ngoku, kukho amadoda aliqela alapha angamangqina kwezi, abazalwana abangaMakristu. Omnye owayekhona, yayinguMzalwana uBanks Woods. Omnye owayekhona, yayinguMzalwana uDavid Woods. Omnye, okhoyo apha, yayinguMzalwana uEvans nonyana wakhe, uRonald. Omnye owayekhona, ngumdikoni wethu obekekileyo, uMzalwana uWheeler. Ukuze omnye, okhoyo, yayinguMzalwana Mann. Ingaba ukho uMzalwana uMann apha, ovela eNew Albany? Umshumayeli wom-Wisile endambhaptizela eGameni likaYesu Kristu, kutsha nje. Wayekho, naye, ukwenzeka koku.

<sup>57</sup> Kubelithuba elide, iminyaka embalwa, endithe ndaba nomthwalo onzulu esifubeni sam endi...entliziyweni yam. Kwavakala kum ngokungathi kukho into ephosakeleyo endiyenzileyo. Ndabuhlolisisa ubomi bam ndiphindaphinda ndiphinde, ukubona ukuba yayiyintoni na eyonakeleyo. “Nkosi, ukuba—ukuba ndenze nantoni na ephosakeleyo, ngoko Wena yityhile nje kum, loo nto isisiphoso, kwaye ndiya kuya kuyilungisa.” Kodwa akukho nto yatyhilwayo kum. Ndandisithi, “Ingaba kukho umntu endimkhathazileyo? Ingaba kukho nto ndiyishiye ingagqitywanga? Ingaba ndi...ndifunda ngokwaneleyo? Ingaba ndithandaza ngokwaneleyo?” Kwaye ndandifunda ndithandaze. Ndi—ndize—ndicinge, “Ndityhilele. Ingaba kukho mntu ndimkhathazileyo, kwindawo ethile? Ukuba ndenze njalo, ndiyakuyilungisa loo nto. Ndibonise nje kuphela; andiwufuni lo mthwalo.” Kwaye kuleminyaka mihlanu idlulileyo, ukusukela oko ndasukayo entsimini, bekusoloko kukho umthwalo entliziyweni yam.

<sup>58</sup> Ndiye ndaya entabeni. Ndaya ngaselwandle. Ndiye kwindawo yonke ndathandaza ndathandaza ndathandaza, kwaye ubusuke ungaphezi. Ndaye ndicinge ngayo yonke into, ukuba ngaba kukho into endayenzayo na. Kodwa nangoko... ubungayeki, bekungathi ndisekukhonxweni nje.

Kwaye kuyamangalisa ukuba loo nto iye yasuswa kanye ngelishesha lokuza kwaloMyalezo, 'yabona, wakusasanje. Ngoku, ingaba yayinguThixo ekubambeke oku? Andazi.

'Yabona ndi...ezi zinto zisengqondweni yam zonke. Ungaqikelela oko kusentliziweni yomntu xa umelene nento enjalo. 'Yabona? Ukucinga ukuba yintoni na eyenzekayo, usazi ukuba ukuxelela abantu; usazi ukuba abanye baya kuba nembono ezingezizo, abanye bahambe ngalendlela, nangalaa ndlela, kwaye uyazi ukuba kunjani na; abanye baya kukholwa, abanye bangakholwa, kwaye...Kodwa oko yinto omelwe kukumelana nayo.

<sup>59</sup> Ungayithetha njani ke loo nto ngaphandle kokukhathaza? Ungakuthetha njani, oko kuya kuba nempembelelo? Ungayithetha njani ukuze ubonise abantu ukuba awu—awubagxibhi, ukuba uyabathanda? Ungaba ngqwabalala uqine njani, ube kananjalo unothando no...? Uza kuyizisa njani? Kwaye yeha kum ukuba ndithi ndingayizisi! Yabona? Nantso ke. 'Yabona? Oko...akumangalisi ukuba kukugcine uphatshuphatshu ubuhlungu.

<sup>60</sup> Ndiye ndehla ndisuka...ndisuka...ndinyuka ndisuka e-Arizona ukuya kuhlanguana neqela labazalwana apha, abahamba nam ukuya kuzingela eColorado qho ngonyaka.

Ngoku, abanye abantu bayamangaliswa, "Kutheni usiya kuzingela nje? Yintoni ekwenza uye?"

'Yabona, *apha* nina niyazaliswa, mna ndiyakhupha; *phaya* ndiyazaliswa khon'ukuze ndibe nokukhupha. Niyabona? Ngoku, andiyeli nje ukuya kudubula iinyamakazi. Ngoba, abantu, nabanina apha ohamba nam, bayazi ukuba ndadlula ngakumakhulu omhlambi weenyamakazi ndingazange ndiwachumise. Andiyenzi loo nto.

<sup>61</sup> Ngoku, apha kungekudala kwilixa elidlulileyo, ndaqalisa ukudubula iinyamakazi ndidubulela oosomashishini abangaMakristu, xa babeye benyuke bathi, "Billy, ndifumanele inkunzi, ndifumanele imazi, ndifumanele i-ixhama lasemantlas, ndifumanele *oku* okanye *okuya*, *nokunye*." Bendiye ndiphume ndizidubule nje iinyamakazi ukusukela ekunene ukuya ekhohlo. INkosi yayindinceda ukuze ndibone ndifumane iinyamakazi, ndibe nokudubula okuhle kakhulu, ndizibethe. Kwaye—babeye bona bahlale nje bencokola ngamashishini abo.

<sup>62</sup> Yaze iNkosi yandixelela ukuba ndingayenzi loo nto kwakhona. Kwaye nda—ndaziva ndibuhlungu ngaloo nto, ngoko ndaYithembisa ukuba andisayi kuphinda ndiyenze loo nto. Hayi. Ndathi, "Ukuba yinto engxamisekileyo kukho umntu oyiswelelo, ndiya kuyenza. Kodwa ukuba abayiswelanga, andisayi kuyenza loo nto." Wona la madoda nje, anemali eninzi yokuzithengela inyama yenkomo nezinto ezinjalo. Ngoko ndiyenzela ntoni loo nto? Masiphile isilwanyana ukuba awuzi kusisebenzisa.

<sup>63</sup> Ngoko ndahamba ukuya kuba ndendwa. Kwaye nabanina, okhe ayekuzingela nam, uyazi ukuba andizingeli namntu. Ndihamba ndedwa, ukuze ndibe ndedwa. Ndihamba nabo, ukuze ndibe nobudlelane ngexa langokuhlwa, sime kunye sithandaze nezinto ezinjalo.

Kodwa babe baninzi abalungiseleli phaya. Kwakukho, phaya phezulu ezintabeni kulo nyaka, wayekho uMzalwana uPalmer. Ndiyakholwa ukuba ndikhe ndambona kwindawo ethile emzuzwini. . . Nanku, ehleli apha, uMzalwana uPalmer. NoMzalwana uBob Lambert othile, ebelapha kusasanje ndikhe ndamva ekhwaza kwindawo ethile. Ndiyaqonda ukuba uselapha. Kwaye ke kwakukho umzalwana. . . abafana ababini bakwaMartin, ndiyaqonda ukuba balapha. Ingaba balapha, abafana bakwaMartin? Abazalwana, aBazalwana bakwaMartin. Nakhe nanditsalela umnxeba ngenye imini, yayinto entle leyo. Loo mfana waphiliswa, loo mzalwana ungumlungiseleli.

<sup>64</sup> Ingaba ukho, lo ndamthandazelayo emxebeni, ngenye imini? Ndiyalilibala igama lakhe, ngowasezantsi e-Arkansas phaya. Inkosikazi yakhe yanditsalela umnxeba; loo ndoda yayidumbile ecaleni, inefiva enkulu, isifa. Ikwayilendoda yabizwayo, phaya ezantsi e-Little Rock, okanye eHot Springs enkonzweni, ihleli enkonzweni.

Kwaye ngumfo okhangeleka emhle. Ukuba ulapha, ndiyaqonda ukuba akanakuphakama konke. Kodwa ndiyalilibala igama lakhe. Andilikhumbuli elo gama. [Kukho umntu othi, “NguMzalwana uBlair.”—Mhl.] UBlair, uMzalwana uBlair. Othile. . .

Ke, ngoku, ehleli enkonzweni e-Little Rock, bangaphi ababekho ndithetha, eHot Springs, bangaphi ababekho enkonzweni? Waze uMoya oyiNgcwele wambiza loo mfo usemtsha wamxelela ngoMtyholi owayezama ukuba andichase, athi ndingu “mprofethi wobuxoki.” Yaze loo ndoda yangqina ukuba yayi yinyani leyo. Uyabona into uMtyholi awayeyenza? Loo ndoda ayihambi koogqirha. Ayikholelwa ekuhambeni koogqirha. Kodwa uSathana wayesazi ukuba esi sifo sasizakuyibamba, kwaye wayenokuyibulala khona ngoko. ‘Yabona? Ngoku wayezama ukuba ichase mna. Waze uMoya oyiNgcwele, ngobabalo, wayibiza wayixelela ukuba ingayenzi loo nto; loo ndoda, ingazani nam, wayixelela ukuba ingayenzi loo nto.

<sup>65</sup> Kwaye ngobunye ubusuku inkosikaza yayo yanditsalela umnxeba yathi, “Mzalwana uBranham, ndiyakholwa ukuba uyafa.” Yathi, “U—udumbe wonke. Kwaye, ifiva yakhe, ulahlekwe zingqondo ngokufutshane.” Yaze yathi, “Into yokugqibela ayithethileyo kukuthi, ‘Biza uMzalwana uBranham.’”

Ndathi, “Ingaba kukho nto unayo, esipajini sakho itshefu?”  
 “Hayi.” NdandiseTucson; yona ise-Arkansas.

Ndaze ndathi, “Kukho nto unayo?” Yathi, ndiyakholwa si  
 “sikhafu” sayo.

Ndathi, “Ngoku beka isandla sakho phezu kwesikhafu, ubambe umboko womnxeba ngesinye.” Ndaze ndathandaza ndacela uThixo ukuba abe nenceba alukhalimele olo tshaba.

<sup>66</sup> Yaze yaya kusibeka eso sikhafu phezu kwendoda. Ngentsasa elandelayo yiyo eyanditsalelayo, ngoku, malunga namashumi amabini anesine eeyure okanye ngaphantsi koko.

<sup>67</sup> Umzalwana othandekayo, andikamboni ngokuhlwanje, uMzalwana uRoy Roberson. Kwaye ngethuba elithile, uyazi, uMzalwana uRoy wayeluhlobo lwendoda yasemkhosini. Ukuba ulapha, ndi—ndiyakholwa ukuba uyakunyamezela, ngokuba andi—andi—andiyigxeki loo nto. Kodwa yonke into injalo, wayeyisajini eMkhosini, uyazi, kwaye umelwe kukuba uyaqhela ukuphatha abantu njengokuba besenza eMkhosini. “Ke, ezi zinto zezomoya zezomntu othile,” hayi yena! Kodwa iNkosi yamsindisa. Ngewayefile; bamshiya besithi ufile, ixesha elide. INkosi yamphilisa; walandela ke ukusukela ngoko. Kodwa zonke izinto zomoya, wayengazi nto ngazo, nemibono.

<sup>68</sup> Apha ke kungekudala kwixesha elidlulileyo, abaninzi bayawazi umbono owawunikwe uMzalwana uRoy kwangaphambi kokuba ndiphume ndiye phaya, malunga naye endibona ndimi phezu kwentaba phaya, ekuKhanyeni, neLizwi liphuma kum. Oko kwasusa konke ukuthandabuza kuMzalwana uRoy.

<sup>69</sup> Kwaye ngobunye ubusuku wayehlaselwe ngendlela yokuba ade agule kangako, wanefiva enkulu, nezinto ezinjalo. Waze ugqirha wamnika iyeza, nayo yonke into, yaze ke ayanceda nto. Wade wafikelela kwindawo yokuba angakwazi nokuzishukumisa kwakhona. Imilenze nento yonke, ingathi, ishwabene.

<sup>70</sup> Usizana lomzalwana omncinane ke lalidutyululwe lathi saa, zingceba zembumbulu eziphuma kumashumi asibhozo anesibhozo, owamaJamani wamashumi asibhozo anesibhozo. Kwaye kwaku—kwakungathi nje yi...Kwaye ndicinga ngeqela lakhe lilonke elabulawayo, kwasinda yena, wayelapho ke edlavuzwe wonke.

<sup>71</sup> Uyazi ke ukuba kwenzeka ntoni? Ndaxelela inkosikazi yakhe ebekekileyo, uDade uRoberson, ukuba...Wathi yena... Ndathi, “Ingaba kukho into onayo apho?”

<sup>72</sup> Wathi, “Ndinetshefu owakhe wayithandazela.”

<sup>73</sup> “Hamba uyokuyilanda.” NdandiseTucson, yena wabeka isandla sakhe phezu kwayo, ndathandaza ndakhalima, ndaze ndathi, “Dade uRoberson, iza kuphela.”

<sup>74</sup> Khona ngoko kwakho iNto eyandixelayo, “Iza kuphela. Yitsho!” Kwaye malunga nesiqingatha seyure, ifiva yayiphelile; wayesehitshini ezingela into yokudla. ‘Yabona? ‘Yabona?

<sup>75</sup> Into endizama ukuyithetha, “Musa ukulahlekelwa lithemba.” Musa ukuvumela uSathana akuxelele ububi ngam; kuba buninzi. Kodwa ligcine ithemba; kuba, ukuba awenzi njalo akuyi kwenzeka. Musa ukukhangela kum, njengomntu; ndingumntu, ndizele ziziphoso. Kodwa khangela kuloo nto ndiyithethayo ngaYe. NguYe ke. Nguye Obalulekileyo.

<sup>76</sup> Njengokuba sisiColorado, ‘yabona, njengokuba sasiphezulu apho, sabuyela emva. Kwakomile kakhulu ke. Iinyamakazi zinqabile. UMzalwana uWheeler, iNkosi yamsikelela yamnika i—imbasa entle sasivuya kakhulu ngaloo nto. Yayilityeli lokuqala ephaya ngaphandle ematyholweni ezingela, yaza iNkosi yamsikelela. Ke ngoko ndandidubule ixhoba elikhulu endandilizingela isithuba samashumi amabini eminyaka, ndilijongile, uMzalwana uBanks kunye nam sasilifuna ixesha elide. Ndathi ndakwenza njalo...Ndadubula umpu wam wangena phakathi kwilizwe elishushu, ndiwuzisa kwelibandayo, oko kwenza ukuba sifuvumale isiqu nangona sasalekwe ngegulasi nje wadubula ke ii-intshi ezimbalwa ukuya phambili, wasibetha eso silwanyana, simi phakathi kwemithi, apho wawungamelwe kusibetha khona; ngezantsana kunoko, apho oko ngekwasibulala ngokobuntu eso silwanyana ngomzuzwana. Kodwa wasibetha phezulu kakhulu, sathi, saxhuma, saya kuwa ngolo hlobo.

<sup>77</sup> UBilly ke wayekunye nam, waze wathi, “Isifumene leya.” Ndandicinga ukuba isifumene, nam; kodwa saya kufika phaya, kwakungenjalo. Wathi, “Ubethe umthi.” Ndakhangela phantsi naphezulu, kwakungekho phawu emthini. Ndaze ndaya kusikhangela.

Kwaze ke kwafika uphawu lwesilumkiso. Kwakukho ngeliphandle ikhulu lamadoda, kanye entla kwethu. Kwaye uMzalwana uPalmer nabanye ulingqina loko. NoMzalwana u-Evans, kunjalo, wayekho; uMzalwana uWelch Evans nonyana wakhe uRonnie. Ndicinga ukuba bendibabizile, emzuzwini nje odlulileyo. Kukho imithwalo emikhulu yabantu ababenyukele entla kwethu, koko bakubiza ngokuba yinkampi yeenkomo apho phezulu, apho abelusi beenkomo bahlala khona baphalise, begcina iinkomo zahlukahlukene. Ndandidla ngokuhlala kuloo nkampi oku kwam ndaluse ezo nkomo ndizigcine zahlukahlukene.

<sup>78</sup> Ke ngoko, ngoko, kwakukho malunga nekhulu lamadoda. Kodwa nabanina uyazi, ukuba kwelozwe, xa isitshingitshane esinekhaphu lubikwa, umelwe kukuphuma khona ngoko. Kungoko uMzalwana uPalmer nabanye bemka kwangoko

ngokuba babenesantya sesithathu kuphela ngaphezulu emotweni yabo, kwafuneka ukuba baphume ke apho; kuba, imozulu, xa ulapho, usenokuhlala iiveki. Ngoko bathi, “Kukho isitshingitshane esinekhephu oluzayo,” ingxelo yemozulu, emaphepheni, nakunomathotholo. Umthwalo emva komthwalo, ngeliphandle yonke into ukusuka emantla nakwindawo ezijikelezileyo yemka yaphuma. Babemkile, khona ngoko, kuba babesazi ukuba bamelwe kukuphuma apho.

<sup>79</sup> Kodwa abazalwana bam babenelayisenisi ezimbini zamaxhama, kwaye babe—babengafuni kuhamba. Ngoko nda—ndathi, “Kulungile, sizakuhlala.” Kodwa ndandinenkonzo eyayiza kubakho, kwisithuba seentsuku ezintandathu, kwafuneka ke ukuba ndibuyele eTucson.

<sup>80</sup> Ngoko inkosikazana yam, ngoku, sinamashumi amabini anesibini eminyaka satshatayo. Kumashumi amabini eminyaka kwisikhumbuzo sethu, ndandiphaya ngaloo lonke ixesha; kwakusenzeka ukuba kuchanane noko. Ngoko nda—ndafumana indawo encinane endidla ngokuya kuyo ndithandaze, kwaye yayikhangeleka njengendawo apho ndandiyise khona.

<sup>81</sup> Uyazi, ndandisenza into encinane engathi, uyazi, ndandingenayo imali eyaneleyo yokumkhuphela kuhambo lokuzingela neholide yethu yasemva komtshato, ngoko nda—nda—ndababuyithatha inkosikazi ndiyikhuphele kuhambo lokuya kuzingela ukwenzela iholide yasemva komtshato. Ngoko sasiseNew York, ndaze ndakhumbula ndiyinceda ukuqabela izigodo nezinto ezinjalo, ukuya kufika kwindawo ethile. Ndaze ndafumana indawo encinane apho phandle, ndisoloko ndicinga ngaye ndakuya phaya ngesikhumbuzo sethu. U-Oktobha owamashumi amabini anesithathu kuxa livuliweyo ithuba apho. Kwaye, kumashumi amabini eminyaka, andizange ndibe sekhaya, ndihlala ndilapho.

<sup>82</sup> Ngoko ngaloo mini yayisisikhumbuzo sethu. NoMzalwana uMann... Ndathi, “Ngoku ukuba nina bazalwana...” Ndathi, kuya kudubula, ngaloo ntsasa, “Ngoku ukuba...” Ngobo busuku, gxebe. “Ukuba niyafuna ukuhlala nonke ngoku, nikhumbule, sisenokuba lapha isithuba senyanga.” Kuba ndakhe ndabona amashumi amabini enyawo ekhephu lisiwa ngethutyana, ngobusuku. Kuphela, kufuneka uphumele phaya, kuyoma kube mnandi; kuze ngentsasa elandelayo, ikhephu libe *lingaka*, ngaphezulu, mhlawumbi ngaphezu kwentente yakho. Ngoko ke ndathi...Uze uhlale apha lide linyibilike. Ke usukube umalunga neshumi elinesihlanu ukuya kumashumi amabini emayile phakathi entlango. Ke ngoko ndathi... Ukuba kuyingxaki, kakade, bathumela inqwelo-ntaka banikhuphe. Kodwa, esiqhelweni, basuka nje...xa kungekho mntu utshabalalayo, kumelwe ukuba balinde nje phaya.

<sup>83</sup> Ngoko wonke umntu wachithakala wemka ngokukhawuleza nje ukuba beve olo sasazo, umbiko, gxebe. Ngoko sasiphaya kude, ndaze ndathi, “Ngoku yenzani isigqibo. Ukuba nifuna ukuhlala, ndiza kuba lapha ndizingele nani, ndiza kuyitsalela umnxeba inkosikazi yam ndithi, “Sikhumbuzo soloNwabo!” Kodwa ndathi, “Ngoko, kuloo nto, ndiyakubakho nam... Ndiya... Siya—siyakuthenga okudliwayo, kuba kusenokunyanzeleka ukuba sihlale apha ngaphakathi.” Sasiphelelwe sisonka ngoko. Kwaye andisafuni kuwabona ama-flapjacks ixesha elide, ezo keyiki zisicwecwe! Ngoko, ke, ndandisidla zona eCanada, isithuba samashumi amabini ananye eentsuku, ndaye ke ndonela zezo zinto. Ngoko ke ndaya kufuna isonka.

<sup>84</sup> Ke bathi babefuna ukuhlala. Ngoko kwakungekho nto sasizakuyenza... Ukuhlala. Kodwa uMzalwana uMann kunye nam saphuma, saza sehla apho saya kufuna izinto zokudla. Ndayitsalela umnxeba inkosikazi, wabe umnxeba ungaphenduli. Akuzange kubekho mntu uphendulayo; ndalinda malunga neyure sada saya kwivenkile ekudliwayo sathenga, saphindela, ndatsala, ayizange iphendule. Ndanditsalele umnxeba uDade u-Evans ke.

Ndiyakholwa ukuba uDade u-Evans ulapha. Ndamxelela... Ewe, uMzalwana u-Evans noDade u-Evans balapha.

<sup>85</sup> Ngoko ndatsalela uDade u-Evans, okaMzalwana u-Evans, ndamxelela. Wathi, “Ndiza kumtsalela uDade uBranham ndimxelele.” U“Sikhumbuzo soloNwabo,” kakade, uyazi. Kodwa wayephumile eyokuthenga, ukuyakufumanela abantwana okudliwayo.

Saze saphindela phaya. Ke ngentsasa elandelayo, kwakungekho nto esibhakabhakeni ingamafu odwa. Yayingazange ine apho lonke ihlobo, kwaye kwakome kakhulu. Babelandisile ke ithuba lokuzingela, ngeentsuku ezimbalwa ngaphezulu, ngenxa yokubalela.

<sup>86</sup> Ngoko ndathi kubazalwana ngaloo ntsasa, “Ngoku, ichaphaza lokuqala lemvula eliqalayo ukuwa, ikhephu lokuqala, iliqhwa lokuqala, nantoni na, nibaleke ukuza enkampini kakhulu kangangoko ninokuba nakhokuba, kuba malunga neshumi elinesihlanu lemizuzu awunakusibona nesandla sakho. 'Yabona? Kukushukuma nje nokuvuthuza, andikhathali nokuba ulazi kangakanani na eloo zwe, u—uyakuhlala kuloo ndawo kanye, kwaye uyakutshabalala. Kuba ngamanye amaxesha awubi nako nokuphefumla, iliqhwa livuthuza kangako, ukuze, ufele kuloo ndawo kanye.” Ndaze ndathi, “Nje ukuba liqalise ukukhithika nibaleke ukuya enkampini kangangoko ninokuba nako, andikhathali nokuba niyakube niphina.”

<sup>87</sup> Ngoko, ndathi, “Nyukelani apha kwezi ntlambo zimxinwa zamawa, mna ndikhwele ndiye phezulu kakhulu ndiqengqe amatye phezu kwenduli, njalo njalo, ndiwothuse amaxhama ehle phaya phezulu, ndiwaqhubele ezantsi, nithabathe ke oko nikufunayo.”

<sup>88</sup> Ndaqalisa ukunyukela phezulu, malunga nelo xesha ndayakufika kwindawo esasiyibiza ngokuba, “yisali,” indawo encinane apho phezulu endandidla ngokunqumla kuyo ukuya kufika kwindawo ebizwa ngokuba yi“Quaker Knob,” kanye ekwaHlukaneni kweLizwe phaya, phezulu kakhulu. Ndathi ndakufika phantse kulendawana yesali, le. . . amafu ayesiya eba mnyama ngokuba mnyama. Kwakungasekho moto ishiyekileyo, isithi kuphela apho phezulu, nje ngokuba. . . Nabelusi beenkomo abasenkampini. Ngoko kwaya—kwaya kusiba kubi ngokuba kubi. Ngoko, emizuzwini embalwa yaqalisa ukuna. Ngoko, ndathabatha umpu wam ndawufaka phantsi kwedyasi yam, ndagcina umbhobho wompu ungabi nakuqhuma, ne—nesiqu ekubeni sibe manzi; xa kunokwenzeka nditshayisane nebhere okanye enye into, ndibuya, ngoko nda— ndawubamba umbhobho ngoluhlobo ndahlala phantsi phantsi komthi, okomzuzwana. Ndahlala ke apho, ndithandaza. Ndathi, “Nkosi Thixo, UnguYehova oMkhulu, kwaye ndiyaKuthanda.”

<sup>89</sup> Angakanani amava endakha ndanawo! Ndabakhombisa abazalwana, uMzalwana uPalmer nabanye, ezondawo. Apho ukhozi, uyazi, ndalubonayo lunyuka ngaloo mini, uyazi, nendlela. . . Loo ndawo apho kwathi kwenzeka kuyo oko. Yinto eyemvelo kum, kuloo ndawo. Ndafumana iziganeko ezinzi apho kunye neNkosi yam, phezulu ezintabeni. Ngoko awungeke nje uye ngaphandle kokuYibona; Ikuyo yonke indawo apho.

<sup>90</sup> Ngoko ke njengokuba nda—ndandihleli apho, iliqhwa laqalisa, umoya ujikeleza, ngolohlobo. Ndaze ndathi, “Ndiyayazi indlela ehlayo, kodwa kungcono ndiphume kule ndawo khona ngoku.” Ngoko ndathi. . .

<sup>91</sup> Ndakhangela ezantsi, ndandingakwazi nokubona emazantsi kwakhona; loo mafu ayebaleka ejikeleza nje, labe iliqhwa livuthuza. Nalo ke, iliqhwa elinekhephu! Elalibikwe iintsuku ezimbalwa, “Kukho iliqhwa elikhulu elinekhephu elizayo!”

<sup>92</sup> UMzalwana uTom ukho apha. UMzalwana uTom Simpson, esihla esuka eCanada, wayiva loo ngxelo, kwaye wacetyiswa ukuba anganqumli kuloo mmandla welizwe, kuba olubhengezo lwathi, “Iyakuba liliqhwa.” Uphi, Mzalwana uTom? Ndinginga ngaloo nto, ewe, kanye kulendawo. Yena ke. . . Elo liqhwa lalisiza! Wonke umntu wayesele ezilungiselele lona.

<sup>93</sup> Ngoko, ndawufaka umpu wam phantsi kwehempe yam, ngoluhlobo, ihempe yam ebomvu, ndaqalisa ukuhamba



ndisihla intaba. Ndaze ndaqalisa, ndahamba ndaya kutsho malunga nesiqingatha semayile ukusuka kwisali; kwaze, owu, bethu, amachaphaza amakhulu ekhephu, *ngolohlobo*, waye umoya ujikeleza unyuka, phezu kwaloo ntaba, uvuthuza. Ndandingasaboni amazantsi konke. Ndandikwazi ukubona malunga namashumi amabini enyawo ukusuka kum, okanye amashumi amathathu. Kwaye ndandikwazi ukuphuma kule incinane indawo esasiyibiza ngoku, ngumqolo wehagu,” u-iqolo elincinane, ndehla ke ngoko ndaya kufika kumlanjana, ngoko ke ndandikwazi ukulandela loo mlanjana, ukuba ndiye ngapha na, ukuba kwakuya kuba kubi kakhulu.

<sup>94</sup> Ke ngoko ndaqalisa ukuhla, ndaya kutsho malunga nesiqingatha sendlela ukuhla apho, kwakho iNto ethi kum, ngokucace njengokuba nindiva, “Yima, uphindele emva!”

<sup>95</sup> Ngoko, ndacinga, “Ibiyintoni le bencinga ngayo? Mhlawumbi yingqondo yam nje.” Andakwazi ke nje nokwenza elinye inyathelo elibheka phambili.

<sup>96</sup> UDavid wayendilungiselele iqebengwana elihlohliweyo ngaloo ntsasa, ndaye ndicinga ukuba sazama ukufumana ukuba enzele utata wakhe elinye, ngelinye ixesha, eletswele nobusi, yayiloo nto kuphela esasinayo. Ngoko wayendilungiselele i-baloney ne, owu, andisayazi nokuba yayiyintoni na iyonke, eyayisongelwe apho! Ndandinalo ke lisehempeni yam, yayisele imanzi yaphumela ihempe yam. Ndacinga, “Ndiza kukhe ndime ndilidle, mhlawumbi ndiya... Kuya kulunga ngoko.” Ngoko ndalitsala laphuma iqebengwana, malunga nentsimbi yeshumi, ndaza ndaqalisa ukulidla elo qebengwana. Kwathi ndakuqalisa ukulidla ke, ndacinga, “Ngoku kuza kulunga.”

Ndaze ndaqalisa ukuqhubela phambili, kodwa iNto ethile yathi, “Phindela emva apho ubuvela khona!”

<sup>97</sup> “Ndiphindele emva kweloo sitshingitshane kwisiqingatha semayile okanye ngaphezulu ukuya phezulu entabeni, kwimithi emnyama?” Apho, ngoko wawuphantse ungabi nako nokubona ukuya kula-organ! Kodwa ndiya ndisiba lixhego, kwaye ndineminyaka engamashumi amathathu anesithathu ndinguMkristu; kwaye ndiyazi, akukhathaliseki nokuba kuyintoni na, nokuba kukhangeleka kusiona kangakanani na, yiphulaphule iNkosi, yenza oko iNkosi ikuthethayo.

<sup>98</sup> Ndajika ke ndaphindela emva esalini, ndihamba ndiyimfamfatha indlela yam yokubuyela. Owu, iliqhwa lisiya liba nzima ngokuba nzima; kusiya kusiba mnyama ngokuba mnyama. Ndahlala phantsi apho, ndayibeka nje idyasi yam ngoluhlobo, okanye ihempe yam phezu kwesiqu sompu kwakhona; ndahlala phantsi. Ndacinga, “Ndenza ntoni apha? Kutheni ukuze ndibuyele apha phezulu kwakhona?”



ndawubeka egxeni umpu wam, ndaqalisa ukuhamba ndisihla ndiphumela apho; kungazange kubekho zembe langenayo, imithi engekachathwa, ndihamba ndiphumela apho.

<sup>112</sup> Ndaze ndathi, ndihamba njalo, ndisihla ngaloo mizila yeenyamakazi, ndeva kungathi, “Ndiyakholwa ukuba ndiyakukhe ndiye kulaa ndawo apho. . . izolo ibisisikhumbuzo sethu, kwaye ndiya kuma nje apho imizuzu embalwa; ndenze nje ukunika imbeko kuMeda, apho kwakukho khona iqela lemithana eshukumayo phezulu kwincopho yenduli encinane.” Ndaze ndathi, “Ndiyakholwa ukuba ndiza kunyukela phaya, ukwenza nje ukunika imbeko kwisikhumbuzo sethu. Ukuze ke ndihle kwakhona kwelinye icala eli, kulemithi imnyama, ndihambe ndijikele, ndijikele ngaphaya, ekuyeni kwiiNcopho zeCorral, ndize ndibuyele ezantsi ngalaa ndlela.” Ndhamba nje ndivuya.

<sup>113</sup> Ndandisithi, “Bawo, ndiyazi ukuba Uhamba nam. Kwaye licham elinjani; akukho mntu mkhulu kunoku ndinokuba nokuhamba naye; uThixo ngokwakhe!” Naloo mitha yelanga ifudumeleyo!

<sup>114</sup> Kwathi naxa sele ndiphumile ezintabeni. Ndema kwindawo yokutha, ndaze ndathi, “Yimini ezolileyo le!” Kwiintsuku ezintathu emva koko. Ayizange ine kuloo mmandla welizwe zade ezontsuku zine zaba zidlule. Ilanga lalikhanya yonke imihla. Ingaba kunjalo, bazalwana? [Abazalwana bathi, “Amen.”—Mhl.] ‘Yabona? Kungekho nelifu esibhakabhakeni.

<sup>115</sup> Ndaze ndaya kufika ngaphandle kwindawo yokutha, ndathi, “Ngokuqinisekileyo yimini ezolileyo.”

“Ewe, yiyo!”

Ndaze ndathi, “Bekome kakhulu.”

<sup>116</sup> Bathi, “Yinto emangalisayo!” Lo msebenzi watsho, wathi, “Uyazi, bebesixelele ukuba kuza kubakho iliqhwa elikhulu elinekhephu, kodwa kuthe ngesiqhuphe layeka!”

<sup>117</sup> Ndehla ke njalo, ukuya kutsho eNew Mexico emideni. UBilly ekunye nam, unyana wam, sehla saya kutsho kwindawo encinane apho ukuya kufumana. . . ngentsasa esemka ngayo, ndaze ndathi, “Ngokuqinisekileyo yimini emnandi.”

“Ewe, injalo!”

Ndathi, “Kukhangeleka ngathi bekome kakhulu.”

“Ewe, bekunjalo!”

Ndathi, “Ungowalapha?”

<sup>118</sup> Wathi, “Hayi, ndivela eWisconsin,” okanye kwenye indawo. Wathi, “Sendilapha isithuba samashumi amabini eminyaka, ngoko ndiyaqikelela ukuba unokuyibiza ngokuba likhaya.”

119 Ndathi, “Ungummi ke ngoko, ndiyaqikelela.” Ngoko ndathi, “Ewe, mhlekazi,” ndathi, “kukhangeleka ngathi bekukho uthuli kakhulu.”

120 Wathi, “Uyazi, kwenzeke eyonanto imangalisayo!” Wathi, “Besifumene ukubhengezwa kokuba siza kuba neliqhwa, ikhephu elininzi; laza ke ngenene laqalisa, lasuka layeka!”

121 Ndathi, “Ungatsho,” ndizole olohlobo.

122 Ndaza ndazakufika ekhaya. NoMzalwana uTom wathi ebexelwe ukuba angahambi ngaloo ndlela, iliqhwa liyakubakho. Waza wanqumla ngqo phakathi elizweni, engakhange afumane nentshizane yemvula okanye nantoni na! Usenguye uThixo, 'yabona, kanye njengokuba Wayekhe wanjalo. 'Yabona?

123 Ndinyuka apho ke, ndandihamba nje... Ngoku, le ndawo, ndiyathemba ukuba inkosikazi yam ayisayi kulifumana eli khasethi. 'Yabona? Kodwa ndiza kunixelela into. Kwaye, ngoku, andi—andinixeleli... Ndiza kunixelela nje iNyaniso, 'yabona, kwaye nantso kuphela indlela endaziyo ukuba ndenze ngayo. Ndandikhe ndimangaliswe ukuba ayikhalazi na ngam kwezi hambo ngomhla wesikhumbuzo sethu. Uyazi ukuba ndandenze isigqibo kum? Ndathi, “Baninzi kakhulu abantu ababa phaya endlwini. Kwaye ndisoloko, uyazi ndiphathshuphatshu. Nayo yonke into endiyithethayo, endifuna ukuthetha ngayo, nguThixo, iBhayibhile, okanye enye into. Mhlawumbi yona icinga nje ukuba kukuphumla okuncinane oko kuyo. Ufumana ukuba ndikhe ndingabikho iintsuku ezimbalwa ukuya kuzingela.” Mna, ndicinga ngokusisiqingatha ngoko, ndihamba apho.

124 Oko, ndi... Ndi, ndiza kucela uxolo kuye, ndaye nda—ndamcela uThixo ukuba andixolele ngengcinga ezinjalo. Kuba, ndandihamba apho, ndacinga, “Ke, icinga... Kulungile, ngokwam! Yona, ingumsebenzi, uyazi, kwaye—kwaye lonke ixesha xa iphaya ngaphandle ekhitshini okanye kwenye indawo ngaphakathi e...”

125 Kwaye nabanina kuni oyaziyo, laa matshini wokuhlamba soloko uhamba lonke ixesha. Ngoko ndandiye ndiphume, ndiyitsale; ndithi, “Musa ukuhlamba ngolohlobo. Ncokola nam. 'Yabona, ndiyakuthanda. Ndifuna ukuba kubekho into ondixelela yona; ndixelele ukuba uyandithanda, nawe.”

126 Yathi, “Kulungile, uyazi ukuba ndiyakuthanda,” ibe iqhubeka njalo ekuhlambeni kangangoko inokuba nako.

127 “Andifuni ukuba wenze loo nto. Ndifuna ukuba ungene uhlale ecaleni kwam.”

128 “Owu, Bill, ndinomsebenzi omninzi kakhulu endimelwe kukuwenza!”

<sup>129</sup> Ndaze ndacinga, “Kulungile, ’yabona, ukunyukela apha, ifumana ithuba lokwenza umsebenzi wayo.” Ndihamba nje apho ndicinga loo nto.

Ngoku, nikhumbule ndiyibeke le Bhayibhile apha phezulu ukuze nibone ukuba ndiphambi kweLizwi.

Njengokuba ndandihamba apho, kwabakho into eyenzekayo kum. Ukuba ndaqala . . .

<sup>130</sup> Okokuqala, ndandicinga ngethuba endandimthathele kwiholide yasemva kokutshata apho phezulu. Wayemhle, emncinane, enentloko emnyama, intombazana amehlo amdaka, kwaye ndandimphakamisa phezu kwezi zigodo, uyazi, nayo yonke into, ndizama ukumnyusa apho kulendawo ndandibulele kuyo ibhere. Ndandifuna ke ukumbonisa ibenye, ke ngoko . . . apho ndandifumene khona le bhere. Wayenxibe ke izihlangu zam zabelusi. Ngoko kwakumalunga namashumi amabini eminyaka eyadlulayo, okanye amashumi amabini ananye eminyaka phambi koko; ngamashumi amabini anesibini eminyaka, ndiyakholwa yayingawo, eyadlulayo. Sasitshate ngowe-1941. Ndandiyiphakamisa, uyazi, phezu kwezi zigodo.

<sup>131</sup> Ndaze ndacinga, “Ngoku, usizana oluncinane, lumelana nam, ngoku selude lwangwevu.” Ewe. Ndacinga, “Kulungile,” ndaze ndahamba . . . [UMzalwana uBranham uthinda isikhohlalela e—Mhl.] Ndandingazanga nditsheve iintsuku ezimbalwa, ndaze ndafumanisa ukuba ndandingwevu oku kwam! Ndaza ndabona iindevu zam zithe gqi apho, zingwevu, ndaza ndacinga, “Mfo omdala, sele uphelele nje ngoku. ’Yabona, wena, ukuba kukho into oyakuyenza, kungcono ungxame. Uyaguga, nawe.” ’Yabona?

<sup>132</sup> Kwaye njengokuba ndandihamba ngolohlobo, kwenzeka into ethile. Ngesiqophe, ngayo yonke intshukumo, ngokubanzi, ndandiyinkwenkwe, ndacinga njengenkwenkwe. Ndandiyithobile intloko yam, ndaze ndakhangela phezulu. Kanye ngokucace njengokuba ndakhe ndayibona, yayimi apho phambi kwam yolule iingalo zayo. Ndaza ndema; ndabosula ubuso bam. Ndajonga. Ndathi, “Meda, ingaba nguwe lowo, Sithandwa?”

<sup>133</sup> Ndakhangela apha, ndacinga, “Ngoku kwenzeke ntoni?” Ndaze ndacinga, “Ewe, ndihamba kunye naYe.” Ke kwaguquka ngoko, ndandiphindele ekubeni lixhego kwakhona, umbono lowo wawumkile kum—kum.

<sup>134</sup> Ndaze ndema; ndawothula umnqwazi wam kwakhona, ndawubeka phezu kwentliziyo yam. Ndathi, “Yesu, intliziyo yam ibinomthwalo kakhulu iminyaka. Andimelwe kukuKuxelela ukuba ndinomthwalo. Ndiguqukile, ndaguquka, ndenze yonke into endiyaziyo. Kutheni ke ukuba loo mthwalo ungandishiyo?”

<sup>135</sup> Ndaqalisa ukuhamba ndisiya phambili. Ndathi ndinyuka kule ndulana incinane, imalunga namashumi amathathu, amashumi amane eyadi phambi kwam; ndaqalisa ukunyuka le ndulana, ndaziva ndityhafa kakhulu. Kwakukho ke amatyholwana amancinane, kumalunga ne-intshi ukuphumela ngaphaya, ayenyuka enza into engathi nguL, aze anyuke kwakhona. Ndathi nje ukuba ndifike apho, ndaziva ndityhafa kakhulu kangangokuba ndandigxadazela. Ndasuka nje... Ndandithwele ikepusi yam kwakhona. Ndasuka ndayibeka nje intloko yam phezu koku; yandilingana kanye, ukuba ndibeke intloko yam phezu kwayo ndingqiame ngaloo mithi, ngoluhlobo. Eneneni ngumpampiri. Ufana, kunye nomthi i-Birch, uyabona. Kwaye uyi...Ndandingqiame apho ke. Ndandimi kanye ke apho intloko yam ndiyithobile, elo langa lifudumeleyo lindibetha emqolo. Ndaze ndacinga, “UTHixo buqu, othe wemkisa laa mvula nalaa moya!”

<sup>136</sup> Ndaze ndeva into ethi, “thontsi, thontsi, chiphi.”

<sup>137</sup> Ndacinga, “Yintoni leyo? Amanzi emke nomoya onke. Ilanga liphumile. Yintoni elo chaphaza?” Ndakhangela phantsi; yayingamanzi ephuma kwawam amehlo enqumla kwezondevu zingwevu esiwa phantsi phezu kwamagqabi omileyo awathi uThixo wawomisa, elapho phambi kwam. Ndema nje apho ngoluhlobo, ndayame ngalomthi. Isandla sam, esi sandla sihlile, intloko yam ingqiame emthini, isandla sam siphezu kwebhanti lompu, ngoluhlobo, ndimi apho, ndilila.

<sup>138</sup> Ndathi, “Thixo, andifanelekanga ukuba ndibe ngumkhonzi waKho.” Ndaze ndathi, “Ndi, ndicela uxolo, ndi—ndenze i...Ndenze iziphoso ezininzi. Bendingazimisele kwenza ziphoso, Nkosi. Ubulunge kakhulu kum.”

<sup>139</sup> Amehlo am ndiwavalile; ndeva kukho into ethi, “Gingqi, gingqi; gingqi, gingqi.”

<sup>140</sup> Ndawaphakamisa amehlo am, kwakumi kanye apha phambi kwam kusiza amaxhama amathathu. Ndaze ndacinga, “Naliya elikaMzalwana u-Evans, elikaMzalwana uWoods. Nango ke amaxhama amathathu, ’yabona, kanye oko ndikukhangelayo.” Ndaswabuluka kanye ke; ndatsala umpu wam. Ndathi, “Andingeke ndiyenze loo nto. Ndimthembisile uThixo ukuba andisayi kuyenza loo nto.” ’Yabona? “NdaMthembisa ukuba andisayi kuyenza loo nto.”

<sup>141</sup> Kwaze kwakho into ethi kum, “Kodwa nangaya!”

<sup>142</sup> Ndaze ndacinga, “Ewe Sa...Yiloo nto kanye i—indoda eyathi yamxelela yona uDavide, ngelinye ixesha, ‘UTHixo umnikezele kuwe, ndathi, ezandleni zakho!’” Uyazi, uKumkani uSawule.

143 Waze uYowabhi wamxelela, esithi, “Mbulale! Nanko elele!”

144 Waze wathi, “UTHixo makale ukuba ndichukumise umthanjiswa waKhe.”

145 Loo maxhama ke ayemi apho ejonge kum. Ndaze ndacinga, “Akanakubaleka. Akukho ndlela yokuba angaphuncula. Akakho kumashumi amathathu eyadi ukusuka kum. Ndathabatha umpu wam, emi apho, nango ke amaxhama amathathu. Hayi, andinakuyenza loo nto. Andi—andinakuyenza.” Yayiyimazi namathole amabini amakhulu. Ngoko andi—andi—andizange ndikwazi ukuwuthatha umpu wam. Ndathi, “Andingekhe.” Andi—andizange ndishukume. Ndahlala nje apho. Ndathi, “Andinakuyenza loo nto, kuba ndamthembisa uThixo ukuba andinakuze ndiyenze. Nangona, abo bazalwana, bona—bona abawaswelanga la maxhama. ’Yabona? Andi—andinakuyenza le nto. Andinakuyenza nje kwaphela.”

146 Loo mazi ke yeza, ihamba. Ngoku phulaphula, kwakukho ikhulu lamadado awayewadubula phaya phezulu, isithuba seentsuku ezine okanye ezintlanu. Esoyika? Uphawu lokuqala olubomvu...Kwaye ndandinxibe ihempe ebomvu, ikepusi ebomvu. Uphawu nje lokuqala, ayemka; kodwa ayemi apho, omathathu wonke, endijongile kanye.

147 Ndathi, “Mama, thabatha iintsana zakho uhambe ungene ematyholweni. Usezandleni zam. Ndi...Ubomi bakho busezandleni zam, kodwa andizi kukwenzakalisa. Ndathembise uThixo ukuba andinakuze.” ’Yabona? Lesuka lasondela. [UMzalwana uBranham ubetha kabini phezulu kwepulpiti—Mhl.] Laliye lijonge kum. Onke aya esondela, ade aba kufutshane kangangokuba ayenokudla into esandleni sam, ngokusondeleyo. Wona, umoya wawuvuthuza phezu kwawo. Ngoko lajika, labuya umva kancinane, omathathu.

148 Nako lisiza kwakhona, leza kum ngqo. Andizange ndishukume; ndema nje apho. Ndathi, “Hamba ngena ematyholweni; ndiyawathanda, nam. Phila! ’Yabona, ubomi bakho busezandleni zam, kodwa ndiyakukusindisa. Ubungeke uphuncule. Uyazi ukuba ubungenako.” Ndingawabulala omathathu malunga nomzuzwana omnye, imizuzwana emithathu, nakanjani na, ngokukhawuleza kangangoko ndandinokuba nokudubula; kwaye ayengenakubaleka, emi kanye apho ecaleni kwam. ’Yabona? Ndaze ndathi, “Ndiyakusindisa. Hamba, uphile.” Ndema apho ke. Ahamba emka, ahamba aya kungena etyholweni.

149 Ndbosula ubuso bam ngoluhlobo, kwathi kanye ngeloo xesha kwenzeka into. ILizwi lathetha, licace kangako, liphuma kweso sibhakabhaka siluhlaza, kungekho lifu. Konke

kwakuphakathi nje malunga...Ilixesha nje elincinane. Kwakho iLizwi elathethayo, lathi, “Usikhumbule isithembiso sakho, akunjalo?”

<sup>150</sup> Ndathi, “Ewe, Nkosi.”

<sup>151</sup> Yathi, “Ndiyakusikhumbula esaM, nam. ‘Andisayi kukushiya ndingayi kukulibala.’” Umthwalo wasuka entliziyweni yam. Awuzange uphinde ubekho ukusukela ngoko; wanga awungephinde kwakhona.

<sup>152</sup> Ndaza kufika eTucson ke. Into emangalisayo andizange ndikufumane okungako okwenzekanyo, ukusukela oko ndihlile. Ndi—ndiyakholwa ukuba yayinguThixo ekubambele loo yure. Ndiyakholwa ukuba ixesha ngoku lisondele, ukuba kwenzeke into ethile.

<sup>153</sup> Ukuba singayamkela nje le Nyaniso! Ngoku okomzuzwana. Ukuba nje besinokusiqonda into esithetha yona esi Sibhalo!

*...lowo ukuni, nguyena mkhulu kunalowo usehlabathini.*

Asinakuyiqonda loo Nto, noko sithi siyaYikholwa. Kwaye siyazi ukuba iyinyaniso, kodwa asiyiqondi eneneni.

*...mkhulu lowo ukuni, kunalowo usehlabathini.*

Yintoni ekuni, le iyeyona inkulu? InguKristu, umthanjiswa! UThixo, owayekuKristu, ungaphakathi kuni. “Lowo Ukuni nguyena mkhulu, kunalowo usehlabathini.”

<sup>154</sup> Ngoko ukuba nguLowo ongaphakathi kuni, ayisenini ngoko abaphilayo, nguYe ophila ngaphakathi kuni. ‘Yabona? Asikokucinga kwenu, into eniya kucinga ngayo ngaLento; koko Akuthethileyo ngaYo. ‘Yabona? Ngoko, ukuba Lowo ukuni, Yena ngokupheleleyo akangekhe akukhanyele oko Wakuthethayo. Akanakuyenza loo nto. Kodwa Yena uya kukugcina oko Wakuthethayo, kwaye Uzama ukufumana umntu Anokuthi aZingqinele ngaye.

<sup>155</sup> Ngoku, oko akuthethi ukuthi Umelwe kukukwenza oko kumntu wonke. Ngexesha likaMoses awathi wakhokela abantwana bakwaSirayeli, wayemnye, yayinguMoses. Abanye bona balandela nje uMyalezo. ‘Yabona? Abanye babo bazama ukuvela nokulinganisa loo nto, waze uThixo wathi, “Zahlule,” waza wabaginya baphela. ‘Yabona? ‘Yabona?

<sup>156</sup> Ngoku, kodwa, “Lowo ukuni nguyena mkhulu kunalowo usehlabathini,” uThixo ongaphakathi kuni, njengokuba WayekuYesu Kristu. Ngokuba, konke awayekukho uThixo, Wakuqongqothela ngaphakathi kuKristu; nako konke awayekuko uKristu, Wakuqongqothela ngaphakathi kwiBandla. ‘Yabona, nguThixo lowo ukuni, “Lowo ungaphakathi kuni.”



<sup>157</sup> Akumangalisi ukuba imimoya namaza aMthobelayo, athobela aMazwi waKhe; athobela aMazwi waKhe, ngokuba YayiliLizwi likaThixo liphuma ngaYe. Wayengumntu; kodwa WayeliLizwi lenziwe inyama. 'Yabona? Wathi ke Akuthetha, yayinguThixo othetha ngemilebe yomntu. 'Yabona? Akumangalisi ukuba imimoya namaza... UMdali ngokwakhe, owadala imimoya namaza, wayekuYe. Ngoku, yicinge loo nto! Cinga nzulu ngoku, phambi kokuba ndize kulo mzuzu wokuvala, akumangalisi ukuba iidemoni zashwabanayo ngeLizwi laKhe! YayinguThixo okuYe. YayinguThixo ekuKristu. Iidemoni zashwabana. Akumangalisi ukuba abafileyo, ababebuyiselwe eluthilini, babengenako ukulala apho ngeLizwi laKhe! Kuba, Yena wayeliLizwi.

Wathi kuLazaro, emva kokuba wayefile enuka nokunuka, iintsuku ezine; ubuso bakhe, impumlo, yayiwile, kwelothuba lide kangako. "Lazaro, phuma!" Yaze indoda, ifile, yavuswa yema ngenyawo. Ngoba? YayinguThixo. Lowo wayekuKristu yayinguThixo. Abafileyo babengenakuma kuBukho baKhe. YayinguThixo ekuKristu.

<sup>158</sup> Imimoya, ngoku, khumbula, nguThixo owadala imimoya; yimpepho. UThixo wadala amaza; angamanzi. Kodwa ngethuba uMtyholi wangena kuwo, wawenza anyukelana ukuzisa intshabalalo. UThixo wadala abantu, ukuba babengonyana bakaThixo, kodwa wathi uMtyholi akungena kubo, 'yabona, yinkathazo. Ngoku, yayinguMtyholi owangena kuloo mimoya eyathumela isitshingitshane. Wayengekhe uMdali, owadala umoya, ukuthi, "Buyani umva niye apho ndanidalela khona"?

AsingoMdali omnye lowo wayemi apho phezu kweColorado endulini ngalaa mini? [Ibandla lithi, "Amen"—Mhl.] 'Yabona?

AsikwanguLowo mnye owayenokuthatha isuntsu lentlanzi alaphule kuze kukhule elinye isuntsu? Kwakunganyanzelekanga ukuba abe nayo. Wayesenokuyithumela.

Asikwanguye loo Mdali owadala oonomatse? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoko, Lowo wayekuKristu ukuthi, 'yabona, kuba Wenza imisebenzi eminye naWayanzeyo, into enye.

Abafileyo babengenakuma Phambi kwaKhe, ngeLizwi laKhe.

<sup>159</sup> Khangela, sinengxelo ezintlanu ezinyanisekileyo, zabantu "befile," yaze iNkosi yanika umbono, wokuya kubo nokubavusa kwakhona. Nanku omnye ehleli apha, kanye apha ngoku, owayefile uhleli kanye apha ngoko. Naku ke ephilile, ngokuhlwanje; waqutyulwa kukuhlaselwa yintliziyo. Nantsiya inkosikazi yakhe, umongikazi. Sehla; yonke into yayiphelile,

amehlo etshonile, kuphelile. Nanku ke ephilile. “Kuba mkhulu Lowo ungaphakathi *ulapha*, kuthi, kunalowo usehlabathini!” ‘Yabona?’

<sup>160</sup> Nguyena mkhulu Lowo! NguThixo, uMdali! Imimoya namaza amelwe kukuMthobela. Iidemoni ziyashwabana. Yonke indalo yaMthobela, ngokuba yayinguYe uMdali wendalo. Owu, sakucinga ngaloo nto, isusa konke ukwazi. Ukuze siziqonde ezi zinto, uyabona. Yintoni na? Asingomntu. Umntu akanakuyenza loo nto; umntu uyinxalenye yendalo. ‘Yabona? Kodwa yimimoya namaza ithobela uMdali. ‘Yabona?’

NguMdali ke onokwenza oko, “Kuba Lowo ungaphakathi kuni nguyena mkhulu kunalowo usehlabathi.” Lowo unako ukwenza isiphithiphithi, ngulowo usehlabathini. Lowo ukuni, unguMdali, Owayenzayo imimoya. Unokumkhalimela uMtyholi aphume kwimimoya, kubekho ukuzola ke. Unako ukukhalimela uMtyholi aphume kwisitshingitshane, ukuze ke kungabikho sitshingitshane. UnguMdali. “Kwaye nguYena mkhulu lowo ukuni, kunalowo usehlabathini.” ‘Yabona?’

<sup>161</sup> UMtyholi ngowehlabathi. Ihlabathi lalilelakhe. Lahlala lilelakhe. “Uthenina ukuwa, Owu Khwezi, nyana wesifingo?” ‘Yabona, eli hlabathi lilelakhe. Kulapho wathi, wakhatywa waphuma eZulwini, wabuyela kulo. ‘Yabona?’

<sup>162</sup> Yayinguye owathi kuKristu, “Ezi zikumkani zezam, ndenza ngazo ngohlobo endithanda ngalo.” Zezakhe, kwaye nguye lowo “usehlabathi.”

<sup>163</sup> UYohane wayesandula ukuxelela abafundi, “Nivile ukuba umchasi-Kristu lowo uzayo, usele elapha esebenza kubantwana abangevayo. Kodwa, bantwanana, aningobelihlabathi nina. NingabaThixo. Kwaye Lowo ukuni nguyena mkhulu, kunalowo usehlabathini.” NguKristu lowo ekuni!

<sup>164</sup> Lowo ke—lowo wadala amazulu nehlabathi, wenziwa wabonakalaliswa eMntwini onguYesu Kristu; uThixo ekuKristu, elixolelanisa naye ngokwaKhe ihlabathi.

Masithi ke uthi, “Lowo yayinguNyana kaThixo, nangoko, Mzalwana uBranham.” Kulungile, masifumanise ukuba Yena akanguye na onguNaphakade, uThixo ongenasiphelo.

<sup>165</sup> Yayingoyena mkhulu Lowo wayekuYoshuwa, kunelanga. Kwaye uYoshuwa wayengumntu, ezelwe ngesono, njengawe nam. Kwaye wayenguyena mkhulu Lowo wayekuYoshuwa, naselangeni elalihamba ngokwemithetho kaThixo. UThixo waliyalela ilanga ukuba likhanye lizijikelezise, kwaye lilawulwa libanjwe yimithetho kaThixo. Kodwa nguyena mkhulu Lowo wayekuYoshuwa, kunokuba yayinjalo imithetho kaThixo; ngokuba uMdali, ngokwaKhe, wayekuYoshuwa ngethuba uYoshuwa wakhangela phezulu elangeni wathi, “Wena yima apho kuloo ndawo ukuyo. Nawe, nyanga, jinga

apho ukhoyo, ndide ndigqibe eli dabi.” Laze ilanga nenyanga lamthobela, kuba Lowo wayekuYoshuwa wayenguyena mkhulu kune—kunelanga nenyanga. Lowo wayekuYoshuwa!

<sup>166</sup> Lowo wayekuMoses, yayinguyena mkhulu kuneYiphutha. IYiphutha yayiyimikhosi enamandla yehlabathi, babeleyisa ihlabathi ngeloo xesha. Kodwa wayengoyena mkhulu Lowo wayekuMoses, kunokuba yiyinjalo iYiphutha, ngokuba uMoses wayoyisa iYiphutha. Nguyena mkhulu Lowo wayekuMoses, kunendalo ngokwayo. Wakha wayicinga into yokuba uThixo walithatha iLizwi laKhe waLinika uMoses, waze wathi, “Hamba uye phaya uyalele ilanga ukuba lingakhanyi”? Laza ilanga lamnyama tsiki! Ingaba kunjalo? Angalenza ilanga ukuba likhanye namafu ukuba abuyele umva, okanye Anganako ukwenza ukuba ilanga libemnyama. UnguThixo; angenza nantoni na Afuna ukuyenza, kwaye Yena ukumtwana okholwayo! Amen. Yiloo nto.

<sup>167</sup> Kwakungekho ntakumba ibonakalayo. Isenokuba kwakusebusika, akukho zimpukane, kodwa uThixo wathi kuMoses, “Hamba uyokuthetha aMazwi aM, kwaye ndiyakubeka engqondweni yakho into owoyithetha. Uze uphumele phaya uchole uthuli lomhlaba, uluphose emoyeni, uthuli.”

<sup>168</sup> Waze wathi, “Makubekho iintakumba!” Kwaye iintakumba zazirhubuluza ngokuphandle ii-intshi ezithile ubunzulu, phezu kwawo wonke umhlaba, ngeyure ezimbalwa. Ingaba kunjalo? UMDali!

<sup>169</sup> Kwakungekho masele, ngoko wayolula intonga yakhe wathi, “Makubekho amasele!” Abakho ke kwindawo yonke, afumba, lade ilizwe lonke lanuka. Ingaba kunjalo?

<sup>170</sup> Wathi akufika kuLwandle oluBomvu lwabe lusendleleni yakhe, uThixo wathi, “Thetha nolwandle.” Waze uMoses wathetha nolwandle; kwaye nguyena mkhulu Lowo wayekuMoses, kunokuba lwalunjalo ulwandle ngokwalo. Ingaba kunjalo? Owu, bethu! Ngoku, uyabona, nguyena mkhulu Lowo wayekuMoses, kunalowo usehlabathini. Nguyena mkhulu Lowo wayekuMoses, kunayo nayiphina indalo esehlabathini. Wayiyalela indalo. Kuyo nantoni na uThixo awayemxelele ukuba ayithethe, wayithetha, nantso ke indlela ekwakuyiyo.

<sup>171</sup> Loo Thixo mnye ukuthi ngokuhlwanje! Hayi kuthi unathi kuphela, koko ungaphakathi kuthi! Uzibonakalisile ukuba Ungaphakathi kuthi. “Nguyena mkhulu Lowo ukuni, kunalowo usehlabathini.” Soyika ntoni, ihlabathi?

<sup>172</sup> Apha ngenye imini bafumanisa u—uhlobo oluthile lezinyo legongqongqo lakudala, apha phezulu ekujikeleni kwe... Ndiqikelela ukuba nakhe neva ngaloo nto nonke; apha phezulu kwiNgxangxasi zeNiagara. Bathi, “Lalinobunzima beponti

ezintandathu.” Ndcinga ukuba babezakuthi livela emntwini, kodwa ndi—ndicinga ukuba ekugqibeleni balichaza njengelesilwanyana sangaphambi kwezembali. Ezo zilwanyana eneneni zaziphila ngexesha elithile phezu komhlaba. Ziphi ngoku?

Uyazi ukuba, uThixo onamandla Onke unako ukuba angayalela amagongqongqo ukuba abekho phezu komhlaba, kwiyure elandelayo angangamashumi amane emayile ukufumba? Uyazi, ukuba uThixo angalitshabalalisa eli hlabathi ngeentakumba? Wayenako ukubiza iintakumba. Ziyaphi zakufa? Kwenzeka ntoni kwimpukane yasendlwini? Kwenzeka ntoni kwintethe? Buyafika ubusika, bubengamashumi amane ngaphantsi kweqanda; kwaye, kwakuphuma intwasahlobo ezayo, iintethe ziba kuyo yonke indawo. Zivele phi? UnguMdali ozithetha zibekho! UnguThixo! Indalo iyalithobela iLizwi laKhe.

<sup>173</sup> Apho abaninzi benu bothuka khona, babanemihlali yokuba uThixo athi yenza into ethile, baze bathi ngu-ITSHO INKOSI ngelithuba ingenguye. Naso isizathu sokuba ingenzeki.

Kodwa xa inguThixo ngenene okuxelelayo, kunyanzelekile ukuba yenzeke, imelwe kukuba lolohlobo. 'Yabona? Xa uThixo eyithetha, inyanzelekile ukuba yenzeke.

<sup>174</sup> Nguyena mkhulu Lowo wayekuMoses, kunalowo wayeseYiphutha. Nguyena mkhulu Lowo wayekuMoses, kunayo nantoni na uFaro awayenokuyenza, konke oko kuthakatha kwakhe. Nguyena mkhulu Lowo wayekuMoses, kunalowo wayekwabo banobugqi. 'Yabona? Nguyena mkhulu Lowo wayekuMoses, kunayo yonke indalo.

<sup>175</sup> Nguyena mkhulu! Lowo wayekuDanilyeli wayemkhulu kuneengonyama. Waba nako ukuzimisa ezongonyama zilambileyo. Ngoko nantoni na enokumisa nantoni na, inkulu kunaleyo iyimisileyo. Ngoko iingonyama zangxama zaphuma, zilambile, zisiya kudla uDanilyeli; kwaye wayengoyena mkhulu Lowo wayekuDanilyeli, kunalowo wayesezingonyameni.

<sup>176</sup> Ngoku, xa ingonyama yadalwayo ekuqaleni, yayisisihlobo somntu. Ngusathana lo uzenza ukuba zenze laa nto. Injalo loo nto. KwiMillennium, ingcuka nemvana ziyakudla kunye, nengonyama iyakudla iindiza njengenkomo, kwaye iyakungqengqa kunye nenkabi. Azisayi kwenzekalisa zitshabalalise kwiMillennium. [I-Millennium sisigaba sexesha le-1000 leminyaka yophumlo—Mguq.] UMtyholi uyakube emkile. NguMtyholi lo uzenza ezo zilwanyana zasendle ukuba zigqwenge ziqhaqhe zidle, nezinto ezinjalo, ngoluhlobo zenza ngalo. NguSathana owenza loo nto. Kodwa nguyena mkhulu Lowo wayekuDanilyeli, kunalowo wayeseingonyameni. 'Yabona? Nguyena mkhulu Lowo wayekuloo mprofethi, kunalowo wayeseingonyameni.

177 Nguyena mkhulu Lowo wayekubantwana bamaHebhere, nguyena mkhulu Lowo wayekubo, kunalowo wayesemlilweni. Kuba bajulelwa emlilweni; waze Lowo wayekubo, wayekunye nabo, wawubamba umlilo ukuze ungabatshisi lakuba iziko lalenziwe shushu ngokuphindwe kasixhenxe kunokuba lalibashushu, lenziwe shushu. Akunjalo? Nguyena mkhulu Lowo wayekubantwana bamaHebhere, kunalowo wayesehlabathini.

178 Wayehleli apho eNebhukanetsare, okanye uBheleshatsare. UNebhukanetsare, ndiyakholwa yayinguye, owayenze iziko lomlilo ukuba lenziwe shushu ngokuphindwe kasixhenxe kunokuba lalinjalo. Ephenjelelwe nguMtyholi, ukususa aba bantu ngokuba babemele iLizwi likaThixo; waze wabajulela kweliziko lomlilo, liphindwe kasixhenxe ngobushushu kunokuba lalibanjalo, laze alabi nako nokubatshisa. Kuba nguyena mkhulu Lowo wayekuShedreki, uMisheki, noAbhednigo, kunalowo usehlabathini. Ngokuqinisekileyo! Owu, bethu!

179 Nguyena mkhulu Lowo wayeku-Eliya, kunalowo wayekwisibhakabhaka esinjengesinyithi, kuba waba nakho ukuzisa imvula kwesosibhakabhaka sinjengesinyithi kuba yayingazange ine iminyaka emithathu nenyanga ezintandathu.

Nguyena mkhulu Lowo wayeku-Eliya, kunokufa. Kuba, kwathi kwakufika ixesha lakhe lokuba afe, uThixo wakubona loo mprofethi, mdala ediniwe. Wayekhalimela u-Izebhele nako konke ukuqaba kwakhe nezinto zangoku, kwaye wayebudinwa, ngoko Akazange avume nokuba ahambe ukugoduka njengokuba Wenzayo ku-Enoki. Wathumela inqwelo yamnyusa, yamthabatha yamsa eKhaya. Nguyena mkhulu Lowo wayeku-Eliya, kunalowo wayekwi-Yerusalem nakwa-Yuda, nasezintabeni. Nguyena mkhulu Lowo wayeku-Eliya, kunokufa ngokwako. Nguyena mkhulu Lowo wayeku-Eliya, kunengcwaba; kuba waliqakatha ingcwaba, wakuqakatha ukufa, wasuka ke waya eKhaya ngenqwelo. 'Yabona, nguyena wayemkhulu Lowo, kwaye Wayeku-Eliya.

180 Wena uthi, "Owu, kulungile, yayiyindoda enkulu leyo."

181 Yima umzuzu nje! IBhayibhile ithe, "Wayengumntu onoluvo olunjengolwethu," njengawe nam. Injalo loo nto. Kodwa wathi akuthandaza, wakholwa ukuba wayenako oko wayekuthandazela; lento uYesu wayithethayo kuthi, "Xa sukuba nithandaza, kholwani ukuba niyazamkela izinto enisukuba nizicela, noba nazo." Wathandaza ngokunyaniseka ukuba ingani, yaza ayana iminyaka emithathu nenyanga ezintandathu. 'Yabona? Nguyena mkhulu Lowo wayeku-Eliya, kunendalo.

<sup>182</sup> Ngoko uthini ngokuphilisa abagulayo? 'Yabona? Nguyena mkhulu Lowo ukuwe, kunokugula. 'Yabona? Ngokuba, sisiphazamiso eso, esiphazamisa kwa imithetho kaThixo, ukugula kusiso. Ngoko, nguyema mkhulu Lowo ukuwe, onguMphilisi noMdali, kuno—kunoMtyholi ophazamise kwa inkqubo yobomi bakho. "Nguyena mkhulu Lowo ukuwe, kunalowo usehlabathini." 'Yabona?

Nguyena mkhulu Lowo wayeku-Eliya! Nguyena mkhulu Lowo wayeku-Isaya, kunokuba ayenjalo amaxesha; okanye nabani na kwabo baprofethi, ngokuba babona ngaphaya kwexesha. 'Yabona?

<sup>183</sup> Nguyena mkhulu Lowo wayeku-Yobhi, kuneempethu ngokwazo, nokufa nengwaba. Ngokuba, ngombono wabona ukuza kweNkosi, wathi, "UMhlawuleli wam uhleli, ngemihla yokugqibela Uyakusuka eme phezu kothuli lomhlaba; kwaye nangona iimpethu ziwutshabalalisile lo mzimba, kodwa ndiyakumbona enyameni yam uThixo." 'Yabona? Nguyena mkhulu Lowo wayeku-Yobhi, kunokufa; nguyena mkhulu, kuba ukufa kwazama ukumthabatha akwabi nako. Kwakungenako ngokuba wathi, "Ndiyakuvuka kwakhona" waza wenza njalo. Wakwenza.

<sup>184</sup> Phulaphula, ndinqwenela ukuba sibe besinexesha lokuqhubela phambili noku. Kodwa ndingathanda ukubuza umbuzo, endakhe ndeva kuthethwa ngawo ngenye imini, ngo, "Kristu okuwe." [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kabini eplupitini.]

Ngoku, musa—musa ukuthembela ngento ethile oyenzileyo; uthi, "Ndiva ukungcangcazela okuncinci. Ndi—ndi—ndithethe ngeelwimi. Ndi—ndixhentse ndikumoya." Ndingachasenanga noko, ngoku. Ilungile loo nto, 'yabona, injalo, kodwa musa ukuthembela ngaloo nto. 'Yabona?

Ubomi bakho bumelwe ukuba bube yileNto. [UMzalwana uBraham umbambazela iBhayibhile—Mhl.] *Nantsi* eyonanto. Wena naleNto nimelwe kukuba nibe banye, 'yabona, ukuze leNto iZibonakalise. 'Yabona?

<sup>185</sup> Ngoku ungathini ukuba—ungathini ukuba ngokuhlwanje ubunokuthi, ngentliziyo yonke, umoya kaShakespeare ubuphila kuwe, ukuba uShakespeare ebephila kuwe? Uyazi into obuya kuyenza? Ubuya kwenza imisebenzi kaShakespeare. Ubuya kwenza njalo. Ubuya kwenza njalo. Ubuya kuyila izibongo ne—nemidlalo yeqonga, njalo njalo, ngokuba uShakespeare waye lolohlobo lwechule, umbhali omkhulu, umbhali wezibongo. Ngoku, ukuba uShakespeare ebephila ngaphakathi kuwe imisebenzi kaShakespeare ubuya kuyenza. Ingaba kunjalo?

<sup>186</sup> Bekunokuthini ukuba uBeethoven ebephila kuwe? Bekunokuthini ukuba uBeethoven ebephila kuwe? Uyazi into

obuya kuyenza? Ubuyakubhala amaculo njengo-Beethoven, umqambi omkhulu. Ubuyakubhala amaculo njengo-Beethoven, ngokuba uBeethoven ebeya kuba bubomi bakho. Ubuya kuba nguBeethoven, ebuye wangena kuwe, kwakhona. Ukuba uBeethoven ebephila kuwe, imisebenzi kaBeethoven ubuya kuyenza, kuba uBeethoven ebephila kuwe. Ingaba kunjalo?

<sup>187</sup> Kodwa Lowo ungaphakathi kuwe unguKristu! Kwaye ukuba uKristu ungaphakathi kuwe, yimisebenzi kaKristu oyakuyenza, ukuba uKristu uphila kuwe. Watsho. KuYohane oNgcwele 14:12, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye yena,” ukuba ubukuKristu, okanye uKristu ephila kuwe. Ngoko, uKristu uliLizwi. Ingaba kunjalo. Kwaye iLizwi liza kubaprofethi baKhe. ‘Yabona? Kwaye ukuba, wena, uKristu uphila kuwe, imisebenzi kaKristu iyakwenzeka ngawe, uBomi bukaKristu bungaphilwa ngawe. Imisebenzi Awayenzayo, ubomi Awabuphilayo, nayo yonke into, ingaphila kuwe; kanye njengokuba ukuba uShakespeare, okanye uBeethoven, okanye—okanye nokuba ibingubanina ebephila kuwe.

<sup>188</sup> Ukuba uBomi baKhe! Kodwa ukuba usaphila ubomi obubobakho, ngoko yimisebenzi eyeyekho oyakuyenza. ‘Yabona? Kodwa ukuba uphila uBomi bukaKristu, ukuba uKristu ungaphakathi kuwe, “Nguyena mkhulu Lowo ukuwe kunalowo usehlabathi.” Ukuba amathandabuzo akho nokudideka malunga nezithembiso zikaThixo akuwe, ngoko uKristu akakho; ‘yabona, unemihlali nje. Kodwa ukuba uBomi, ukuba uKristu uphila kuwe, iLizwi laKhe Uyakulinakana kwaye isithembiso saKhe Uyakusenza. ‘Yabona? Uyakwenza njalo.

<sup>189</sup> “Xa sukuba nithandaza, kholwani ukuba niyakuzamkela izinto enisukuba nizicela, niya kuziphiwa. Ukuba nithe kule ntaba, ‘Suka,’ ningathandabuzi entliziyweni yenu, kodwa nikholwe ukuba oko nikuthethileyo kuya kwenzeka, niyakuba nako oko nikuthethileyo. UBawo uyasebenza, naM ndiyasebenza kude kube ngoku. Inene, inene, ndithi kuni, uNyana akanakwenza nto ngokwaKhe; kuphela koko Akubona uYise ekwenza, kona oko uNyana uyakwenza.” ‘Yabona? Kwaye xa uYise eMbonisa ayakukwenza; wayephuma phaya ngaphandle kusesilela kuyo nantoni na, athi, “Mayenzeke,” ibe yayisenzeka.

Kwaye loo Kristu mnye uphila kuwe. Uphila kuthi. Ngoko siyakwenza imisebenzi yaKhe, ngokuba uKristu uliLizwi, kwaye isithembiso seLizwi sizisa impiliso kuwe. Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo!

<sup>190</sup> Wathi, “Andiyikunishiya nizinkendama.” Njengokuba bendithandaza, ndacela kwithutyana elidlulileyo, phaya kuMateyu 24, ‘yabona, okanye kuMateyu 28:20. ‘Yabona?

Wathi, “Ndiyeza kuni, ndiyakuba kuni. Ndi,” isiMelabizo somntu, uKristu, ekwimo kaMoya oyiNgcwele, “uyakuza aphile kuni. Ngoko awusayi kuba ngowakho—awusayi kuba sisiq u sakho kwakhona. Ndiyakuba kuni. Kwaye nguyena mkhulu Lowo ukuni, kunalowo usehlabathini.” ’Yabona? AmaHebhere 13:8 athi, “Nguye, izolo nangonaphakade.”

<sup>191</sup> Lowo wayekuNowa wayemkhulu kunemigwebo yamanzi.

Kwaye Lowo ukuwe nguyena mkhulu kunemigwebo yomlilo. ’Yabona? Lowo ukuwe nguyena mkhulu, ngokuba nguYe owawuhlawulayo umgwebo wakweyisela umgwebo. ’Yabona? Akukho koyika ngaloo nto. ’Yabona, ungaphakathi phaya. Ewe.

Nguyena mkhulu Lowo wayekuNowa, kunalowo wayekwimigwebo yamanzi, eyatshabalalisa ihlabathi elalingakholwa. Ngokuba, uNowa wakholwa. Kwaye nguyena mkhulu Lowo wayekuye, owakholwayo nguLowo wathetha naye, kunalowo wayesehlabathini. Ukuze, uNowa asinde kuwo wonke umgwebo, ngenxa yeLizwi likaThixo elalilelona likhulu kunawo, waze waphakanyiselwa ngentla kwemigwebo.

“Nguyena mkhulu!” Indlela esinokukhe sibambelele kuloo nto okomzuzwana ngayo! ’Yabona?

<sup>192</sup> Nguyena mkhulu Lowo wayekuDavide, kunalowo wayekwibhere eyaba igusha yakhe. Nguyena mkhulu Lowo wayekuDavide, kunalo ngonyama yangenayo yathabatha elinye kumatakane akhe. Nguyena mkhulu Lowo wayekuDavide, kunotshaba, uGoliyathi. Um-Filisti omkhulu wema apho, ekwishumi elinesibini, ishumi elinesine lenyawo ubude, eneshumi elinesine lee-intshi ubude beminwe yakhe; enomkhonto onjengenaliti yomluki; egqunywe wonke ngee-intshi ezimbini okanye ezintathu ubukhulu, zenkcenkce okanye intsimbi, isinyithi. Kodwa oko kwakukuDavide yayikokona kukhulu kunoko kwakukuye.

Wayengamandla, izihlunu. Wayengumlwi. Wayenako, wathi nje angamthabatha uDavide ngencam yomkhonto wakhe amxhome phezulu, zize iintaka zezulu zimtye.

<sup>193</sup> Waze uDavide wathi, “Uza kum njengom-Filisti, egameni lom-Filisti. Undiqalekisa egameni lesithixo sama-Filisti.” Waze wathi, “Uqhayisile ngoko uyakukwenza. Kwaye uza kum unekrele nomkhonto. Kodwa mna ndiza kuwe eGameni leNkosi uThixo, kwaye namhlanje ndiyakuyisusa intloko yakho emagxeni akho.” Wayenza ke loo nto, ngokuba nguyena mkhulu Lowo wayemphembelela uDavide ngaloo nkuthazo.

<sup>194</sup> Nguyena mkhulu Lowo ukuwe, kuneso situlo sesigulana. Nguyena mkhulu Lowo ukuwe, kunaloo mandlalo wesigulana. Nguyena mkhulu Lowo ukuwe, kunaloo mhlaza (icancer). Nguyena mkhulu Lowo ukuwe, kunoko kubambeka. Nguyena



mkhulu Lowo, kunayo nantoni na ekhoyo uMtyholi anokuyibeka phezu kwakho. “Nguyena mkhulu Lowo ukuwe, kunalowo usehlabathini.” Nguyena mkhulu Lowo! Ewe!

Wayengoyena mkhulu uDavide, okwakukuDavide; uThixo ekuDavide.

<sup>195</sup> Ungaphakathi kuthi, nguye, uKristu. Wayengumeyisi walo lonke utshaba, eseyisela thina. Ngethuba Wayelapha emhlabeni, Wasoyisa isono, Wakoyisa ukugula, Wakoyisa ukufa, Wasoyisa isihogo, Waloyisa ingcwaba, kwaye ngoku Uphila ngaphakathi kuthi njengomeyisi! Wakoyisa ukugula, isihogo, ukufa, ingcwaba, weza kuthi ukuza kusikhulula kuzo zonke ezo zinto. Kwaye nguyena mkhulu Lowo ukuni, kunalowo unokubeka zonke ezi nkohliso phezu kwenu. Ewe! “Nguyena mkhulu Lowo ukuni, kunalowo usehlabathini.”

<sup>196</sup> Yiloo ndlela eyenzeka ngayo la mimangaliso. Yiloo ndlela awathi ngayo loo moya wapheza, ngalamini. Angaba nako umntu ukuyenza loo nto? Hayi, mhlekazi, akunakwenzeka. Ngethuba endandimi apho, ndilila, abe loo maza ayeguguma, kwaze . . .

Bangaphi apha, ababephaya phezulu? Masibone izandla zenu. Phakamisa isandla sakho, wonke umntu owayephaya phezulu, phaya phezulu eColorado ngelo—ngelothuba. Kulungile. UMzalwana uFred, ndiyaqonda, nguye kuphela owayekho, ngoko. Bendicinga ukuba mhlawumbi uMzalwana uMann ulapha, kodwa u . . . UMzalwana, uMzalwana uEvans wayengekho? UMzalwana uEvens wayephaya phezulu ngeloxesha. Ewe. Kunjalo. Kwaye, ewe.

<sup>197</sup> Qaphela. Asiyonyaniso leyo? Asiyondlela eyenzeka ngayo leyo? Imvula zapheza, nemimoya yapheza ukuvuthuza. Yayiyintoni leyo? Kungelizwi lam? Hayi! Ngokuba Wandixelela ukuba ndiyenze loo nto. Kwaye ngoyena mkhulu Lowo ukuthi, kunayo nayiphina indalo. AsingoThixo mnye owayenokuzolisa amaza elwandle, ukwenza imimoya ukuba ibuyele emva kwindawo zayo? AkanguYe Lowo wakwaziyo ukulenza mnyama ilanga, onakho ukwenza ilanga likhanye? Ngoko, “Nguyena mkhulu Lowo ukuni, kunalowo usehlabathini.” Yabona? Kulungile.

<sup>198</sup> Ngoku naso isizathu sokuba le mimangaliso yenene yenzeke, kungokuba sisithembiso sikaThixo, “Izinto endizenzayo Mna, niyakuzenza nani.” UYohane oNgcwele 14:12. Yena, uKristu, owazolisa imimoya namaza, unguMdali wayo. UsenguMdali kanye njengokuba wayenguYe ngoko. Nguye izolo, namhla, nanganaphakade.

Waphilisa abagulayo watshabalalisa isono, waza wakuguqelela kuwe konke oko, weza kuwe ukuze Abe nokuhlala kuwe. Woyisa zonke ezo zinto, ukuze abe nokuza aphile kuthi. Lowo ungumeyisi Owazoyisa kakade ezi zinto;

wakuqondakalisa ngeZibhalo oku, wabuya waza koyisa yonke into, waqondakalalisa kuwe ukuba UnguThixo omnye. Kwaye emva kweshumi elinethoba lamakhulu eminyaka, [UMzalwana uBranham unqonkqoza kahlanu epulpitini—Mhl.] naku Esenza into enye phakathi kwethu njengokuba Wayenzayo ngoko, owoyisa ukufa, isihogo, ukugula, kunye nengcwaba!

<sup>199</sup> Lo Kristu, lo “UnguLowo” Lowo unguYe okuni. UnguKristu. Njengokuba uYohane wathi, “Lowo ukuni mkhulu kunalowo usehlabathini.” YayinguKristu lowo! Lowo unguyena mkhulu kunalowo usehlabathini ngokuba Waloyisa ihlabathi, kwaye nguyena mkhulu, kunazo zonke ezo zinto, ngokuba Wazeyisela thina. “Kwaye thina singaphezu kwabeyisi ngaYe lowo wasithandayo waZinikela ngenxa yethu,” ukuze Abenako ukubuya enze imisebenzi yaKhe ngathi, ukuqondakalisa kuthi ukuba unguYe izolo, namhla, nangonaphakade.

Ngethuba Awayelapha emhlabeni, Waqondakalalisa ekumeni kwaKhe phakathi kwabantu, ukuba Waye nguMesiya. Wayenako ukuqonda acalule iingcingane zeentliziyo zabo. Kwaye iBhayibhile yathi, uMoses watsho, ukuba, “Uyakuba ngumprofethi.” Ingaba kunjalo? Wayezazi iimfihlelo zentliziyo. Wayesazi ukuba babengobanina abantu. Wayesazi ukuba yintoni na eyayingundonakele kubo. Siyibonile loo nto isenziwa? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ixesha emva kwexesha!

<sup>200</sup> Siyazi ukuba abafileyo bavusiwe, bephuma kanye kwabafileyo. Abanye babo babe befefe kangangosuku olunesiqingatha. Ngoko, efe ngentsasa ethile, baza bambuyisa ngobo busuku, bahamba ubusuku bonke; kwathi ngemini enkulu yosuku olulandelayo, okanye kancinci emva kwemini, baza kungena apho intente yayikhona. Usana oluncinci olwalufile, lubanda lulele ezingalweni zikanina. Yaza iNkosi uThixo yaluzisa, yathetha iLizwi loBomi, lwaze olo sana lwafudumala lwaqala ukukhala; ndalubuyisela ezingalweni zikanina.

<sup>201</sup> Unkosk. Stadklev, emi apho ekubona oko kusenzeka, naso isizathu sokuba abe walila elilela olwakhe usana, efuna ukuba ndibhabhe ndiye eJamani. Kodwa iNkosi yathi, “Sisandla saM eso; musa ukukukhalimela oko.” Yabona, wazi ngcono.

Wathi akuxelela uMoses, esithi, “Thetha neliwa,” musa ukulibetha. Oko kwakuthetha ukuthi, “thetha,” musa ukubetha, yabona. Umelwe kukuba uthobeke oko Athi kwenze. “Kodwa akukho mntu unokwenza nto ngokwakhe,” umelwe kukuthi eve kuThixo kuqala.

<sup>202</sup> Ngoku iLizwi likaThixo lathembisa ukuba Uyaphila. Kwaye, ngokuba Ephila, uyaphila. Wathembisa, ukuthi, “Imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza nawe. Imisebenzi

eminye kuphela nje ikokuthe chatha kwayo, niyakuyenza, ngokuba Ndisiya kuBawo.” Weyisa zonke izinto. UnguLowo wemisa. . .

Yena unguLowo wenza abo nomatse. Loo nto yenzeka kabini. Yenzeka ngethuba elithile ezantsi kwakho, Charlie. Yaze yenzeka—yenzeka apha phezulu ngethuba, abazalwana, uMzalwana uFred noMzalwana uBanks nabanye babephaya kunye nathi.

<sup>203</sup> Yenzekile eJamani, ngethuba elashumi linesihlanu lamaxhwele, kwicala ngalinye kum, athi. . .Ngokuba uBilly kunye noMzalwana uArganbright babengawavumeli—bengawavumeli ukuba abonane nam, aze athi, “Kulungile, siza kwenza loo ntente iphaphatheke imke.” Aze ahlala phantsi apho, nokuthakatha kwawo okukhulu, abiza kuthixo, wawo uMtyholi, nako ke esiza nesitshingitshane. Malunga namashumi amathathu amawaka, okanye amashumi amane amawaka amaJamani ephaya phandle, yabe intente iphakama nje isihla inyuka *ngoluhlobo*.

Wona, abe esika, athabatha isikere asika usiba, alukhombe emva *ngoluhlobo*. Abiza okwawo, eqhubela phambili nokuthakatha kwawo, ebiza amagama amathathu angcwele athi, “UYise, uNyana, uMoya oyiNgcwele; lu-lu-lu-lu-lu!” “UYise, uNyana, uMoya oyiNgcwele; lu-lu-lu!”

<sup>204</sup> Iqhubeka ngolohlobo, kwaye eneneni isitshingitshane seza. Ngokuqinisekileyo. “Ungumphathi wamandla esibhakabhaka,” uSathana. Abiza ke isitshingitshane kwaye. Ngoku, naloo ntente inkulu yayihleli apho kanjalo, owu bethu, yayinokugquma malunga nesakhiwo sasesixekweni; yabe yakhiwe, yakhiwe ngezibini kwizine, iyiseyile nje ebethelelwe phezulu kwayo. Umoya wangena ngaphantsi apho waqalisa ukuyiphakamisa, *ngolohlobo*. Waze loo moya, nemibane ibhabha kanje, ndaqhubeka ndashumayela nje.

<sup>205</sup> Kwaze, owu, ayeqhubeka ekuthakatheni okukhulu, eqhubeka ngolohlobo ebiza loo magama mathathu mancinane angcwele esithi, “Amagama abalulekileyo amathathu angcwele; uYise, uNyana, noMoya oyiNgcwele,” macala omabini ngolohlobo. Ndaze ndambona ethoba, engqongwe zidemoni apho, koko engabotshwanga.

<sup>206</sup> Ndaze ndathi kuMzalwana uLowster, “Musa ukukutolika oku.”

<sup>207</sup> Ndathi, “Mzalwana uArganbright, khawuthandaze.”

<sup>208</sup> Ndathi, “Nkosi Thixo, Mdali wamazulu nomhlaba, nguWe ondithume apha. Ndibeke unyawo lwam kulomhlaba waseJamani, eGameni likaYesu Kristu, ngokuba Wena undithume apha. Kwaye ela lifu alinagunya phezu kwam. Alinalo, ngokuba ndithanjiswe ndathunyelwa apha kusenzelwa usindiso lwaba bantu.”

Ndiyakuyala, eGameni likaYesu, ukuba umke apha.”

209 Zabe indudumo, ziqhubeka, “Gqum! Gqum! Gqum!”—ziqhubeka “Grrrrrrr,” zasongeka zemka, zemka zaya kutsho ngaphaya kwentente zindilela emva; lavela ilanga.

210 Kwisithuba semizuzu elishumi, kwakukho malunga neshumi lamawaka ababe sesibingelelweni nezinto ezinjalo, bekhalela inceba, ngokubona amandla kaThixo. Ngoba? “Nguyena mkhulu Lowo ukuni, kunalowo usehlabathini.” ‘Yabona?

211 “Nguyena mkhulu Lowo ukuni, kunalowo usehlabathini.” ‘Yabona iintshutshiso kulento, owu, mzalwana, dade, asililo nelinye ixhala konke. Ubukhulu nguThixo, kwaye Yena ukuni. Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

212 Ngoku ndidlule kakhulu exesheni. Lishumi elinesihlanu lemizuzu, kumalunga nalo, emva kweyethoba. Kwaye ndiyazi ukuba ababantu banendlela ende abasemelwe kukuqhuba kuyo.

Masithobe iintloko zethu okomzuzwana nje.

213 Owu Bawo Thixo, Wena uyazi ngeColorado. Uyazazi ezo zinto ukuba ziyinyani. Kwaye ndizithethela uzuko lwaKho, ukuze ababantu babenokwazi. Emva kwako konke ukuqondakalalisa kwenzululwazi, kwemifanekiso, nokwemisebenzi kaMoya oyiNgcwele. Kwaye, Nkosi, Wena uyazi ukuba Yena . . . ukuba ndaxela ngokucacileyo ebantwini, nokuba ndihlala ndisenza njalo, ukuba kungenxa yokuba waKuthembisa oko. Kwaye Ulapha, uzama ukufumana umntu othile Onokuthi uZingqinele ngaye, ukuze enze abanye babone ukuba Uyaphila, kwaye Wena usenguwe izolo, namhlanje, nanganaphakade. NdiyaKuthandaza, Nkosi, ukuba ube nenceba, nokuze usikhokele usibonise kwiingcinga zethu.

214 Kukho abo bahleli apha bagulayo nababambekileyo. Baninzi mhlawumbi abanokuthi bafe ukuba abafumani luncedo luvela kuWe. Abaninzi babo, mhlawumbi, basekupheleni kwendlela, apho oogqirha bangenakho ukunceda kwakhona. Wena unguThixo, kwaye unguWe izolo, namhla, nanganaphakade. Kwaye uBukho baKho bulapha.

215 Kwaye, Nkosi, asazi ukuba ayakuba yintoni na laMandla eSithathu, njengokuba siye sabhekiselela kuWo, ukuba ayakubakho. Andazi ukuba ayintoni na. Kodwa sazi into enye, ukuba aMandla okuQala ayeyingqibelelo. AMandla eSibini, njengokuba esisihlanu, yayilubabalo.

Kwaye, Thixo, ndiyathandaza ngokuhlwanje ukuba Wena uZityhile kuthi, ukuze emva kwezinto zokuthi, “Lowo

ungaphakathi kuni!” Kwaye Wena wathi, “Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani,” waze wathi Wawungenzi nto engathanga uBawo aKutyhilele.

<sup>216</sup> Kwaye sikubonile oko Wena wakwenzayo ngethuba Owawunako ukumxelela uMpostile uPetros ukuba wayengubani na, nokuba yayingubani na igama likayise. Waxelela uNataniyeli ukuba yayiyintoni na akufunayo, nendlela aweza ngayo ukuze abelapho, nalapho wayekhona ngaphambili, nento awayenzayo. Waxelela umfazi, equleni, ngezono zakhe nento awayeyiyo, ephila ekukrexezeni nalamadoda mathandathu; amahlanu awayenawo, nenye awayehlala nayo ngoku ingengomyeni wakhe. Usenguloo Thixo mnye. Waxelela . . .

<sup>217</sup> Yayiyimeko kaBhartulomeyu imfama, njengokuba wayemi apho; kodwa nangoko, entliziyweni yakhe, wayenako ukubona, ukuba angabona; ukuba, ukuba yayinguYehova owayebonakalaliswe kuBunyana bukaYesu Kristu, ukuba Wayenako ukuzazi izililo zakhe. Waze wakhwaza, “Wena Nyana kaDavide, ndenzele inceba!” Yaze loo nto yaKumisa, waze Wajika wamphilisa, Owu Bawo, umxelela ukuba ukholo lwakhe lwalumsindisile.

<sup>218</sup> Loo mfazi mncinci wayene-anemia, ekwathi ngelithombo legazi nokuguquka kobomi, laye kwiminyaka emininzi lalingaphezi. Wayegqibe yonke imali yakhe koogqirha, kwangabikho namnye unokumnceda. Weza kwenye yeenkonzo zaKho ngethuba Wawuthetha nendoda e—eGalili, njengokuba Wawusendleleni yaKho yokuya kwaYayiro. Loo mfazi mncinane wayethe ngaphakathi entliziyweni yakhe, engenaSibhalo sakukuxhasa oko, “Ukuba ndithe nje ndachukumisa ingubo yaKhe, ndi—ndiyakholwa ukuba ndiyakuphiliswa.” Waze wawufumana umnqweno wakhe akuchukumisa ingubo yaKho. Waze Wamxelela ukuba lukholo lwakhe olukwenzileyo oku, wazichaza iimfuno zakhe, waze waphiliswa.

<sup>219</sup> Sixelelwa eLizwini ukuba UnguMbingeleli oMkhulu, ohleli kweziPhezulu iindawo, ehleleli ukusenzela intethelelo. Kwaye—kwaye ngokunjalo ukuba Wena, unguMbingeleli oMkhulu ngelixesha, onako ukuchukunyiswa kukuva izilwele zethu. Nkosi Thixo, siphe ukuba wonke umntu olapha ngokuhlwanje abe . . . abenelungelo lokuKuchukumisa ngokuhlwanje, uMbingeleli oMkhulu, aze aphiliswe. Ngenxa yoZuko lukaThixo, ndikucela eGameni likaYesu. Amen.

<sup>220</sup> Ngoku andi . . . Ingaba akho amakhadi okuthandazela? Ndi—ndixelele uBilly ukuba anga . . . ingaba kukho umntu onekhadi lomthandazo? Kulungile, kulungile oko, ndimxelele ukuba angawakhuphi. Bendinga ukuba mhlawumbi ndingathatha ithuba elidana, njengokuba ndi . . . Owu,

ndithetha kakhulu nje. Kodwa, khangela, 'yabona, kwaye nindixelele, ngethuba ebendisithi, "Ndiza kuzama ukuphuma ngecala leyesibhozo," niye nahleka, ndaye bendi—bendisazi ukuba beniyazi into ngayo. Ndi—ndi...Kodwa ndi—ndiyanithanda. 'Yabona?

221 Yintoni, yintoni endizama ukuyenza, ndakhe ndakuzama oku, sihlobo; ndingenzeli ukuze kubekho umntu uthi, "UMzalwana uBranham wenze oku." UMzalwana uBranham akanakwenzanto. 'Yabona? NguYesu Kristu. Kwaye Lowo ukum ukuni. Nimelwe nje kukukholwa. Ingaba akunjalo? 'Yabona? Lowo ukum mkhulu kunesifo sakho.

222 Ngoku bangaphi abantu apha abagulayo emizimbeni yabo, abangandaziyo, kodwa ukholwe ube nokholo nje olwaneleyo lokuchukumisa uMbingeleli oMkhulu, phakamisa isandla sakho, uthi, "Ndiyakholwa"? Kulungile. Owu, ngokucacileyo kwindawo yonke, zizandla. Kulungile. Bangaphi apha abandaziyo, abaziyo ukuba akukho nto ndiyaziyo ngento eniyisweleyo, nifuna ukuba uThixo anichukumise? Phakamisa isandla sakho. 'Yabona? 'Yabona? Kulungile.

223 Ngokutyhilekileyo, akukho mntu apha ndinanto ndiyaziyo ngaye, kanye ngelixesha langoku, yokuba uyagula. Kodwa lo mfana uhleli apha, ndiyamazi. Ndakhe ndamthandazela amathuba amaninzi. Andilikhumbuli igama lakhe, kodwa ungowasezantsi eKentucky. Uyandibhalela ngalo lonke ixesha usisihlobo sikaMzalwana noDade uWoods nabanye, uyeza phaya phezulu. Kwaye ubesiza enkonzweni ixesha elide, elide kakhulu. Nguye kuphela umntu endimaziyo.

224 Ngoku, uMzalwana uDauch, kokwam ukwazi, uphilile, kungenjalo ebengenakuhlala apha. Wayegula kakhulu ngenye imini, yaza iNkosi yamphilisa.

225 Andimazi lo mntu. Kwaye andimazi ukuba ungubani na lo unezintonga zokuhamba apha; mhlawumbi laa mntu usesitulweni. Andi—andibazi.

Kwaye ndi—ndiyanazi inkoliso yenu. Kodwa uThixo oseZulwini uyazi, ngelithuba, andiyazi into eniyifunayo. Andinalo ufifi. Kuba bunzima apha eMnqubeni, kuba, 'yabona, ndazi abantu abaninzi.

226 Ngoku nantsi into ekuyiyo. Xa uthe wafika endaweni... Ngoku, ndiyangena apha, ngamanye amaxesha, ndize ndithi, "Kulungile, siza kunika wonke umntu ikhadi lomthandazo sibangenise emgceni. Benyuke beze eqongeni." Umntu othile uyemka...Ngoku awunako...

Ngoku, zihlobo, ndizakuyivula intliziyo yam ndinxelele into. Awunako ukuyifihla loo nto. Into nje ocinga ngayo, ndiyayazi. Injalo loo nto. Ndiyayazi into oyicingayo. 'Yabona?

Kwaye ngamanye amaxesha uthi, “Mzalwana, ndiyakholwa.” Ngoba, kulungile, uyakholwa ngomlinganiselo othile. ‘Yabona? ‘Yabona? Ndiyayazi.

227 Kwaye kanye apha, kulungile, ngoku, kanye khona ngoku, intambiso iyafika phezu kwam, uyabona. Kwaye ndiyakuva nje oko kundondoza, kunjalo, ukubetha, ‘yabona, ukungongoza kuvela kwindawo ezahlukeneyo. ‘Yabona?

Kodwa ngoku musa—musa ukungakholwa kwakhona. Wukholelwe wonke uMyalezo. Kholelwa loo Nto. Ukuba asinguwo, ukuba awubhalwanga eBhayibhileni ngoko musa ukuwukholelwa. Kodwa ukuba UseBhayibhileni, ngoko uMoya oyiNgcwele lowo uphila kuthi nnyanzelekile ukuba akwenze oko ukuba siyaWukholwa. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

Ndiyazi ukuba kunzima. ‘Yabona, akukho nto iza lula.

228 Kwakunzima kuYe ukufa, ukuze oko kubenokuveliswa kuni. Kwakunzima kuYe ukuya eKalvari; Wayefuna ukuhlala, kangangokuba wade Wakhwaza, “Ingabi yintando yaM, kodwa eyaKho mayenzeke.” ‘Yabona? ‘Yabona? Engafuni kumka; WayeyiNdoda esengumfana, kwaye Wayenabo abaninawa baKhe. Wayebathanda kanye njengokuba ndinithanda. Kodwa Wa—Wayengenakuphila, ukuze nabo baphile, ngoko Wafa ukuze siphile. Loo nto yayingalulanga. Kwanyanzeleka ukuba ayenze. Khangela ukufa okwakuphambi kwaKhe, “Bawo, iyure ifikile, ndithandaze Ukuba Uyisuse lendebe kuM? Hayi.” Wayengafuni kuyenza loo nto; Wayefuna intando kaThixo ukuba yenziwe.

229 Ngoku, khangela, ukuba uyakukholwa into enye! Ngoku, musa—musa—musa ukuYenzela isithunzi, konke konke. Yikholwe nje kuphela. [UMzalwana uBranham unqonkqoza ngambalwa epulpitini—Mhl.] Yikholwe nje ngokupheleleyo. Musa ukuyithandabuza. Yikholwe nje.

230 Ukuba ndibizela abantu apha phezulu kumgca wokuthandazela, ndize ndithi, “Kulungile, ngoku lo mntu, niyazi ukuba andinazi.”

231 “Hayi, injalo loo nto, Mzalwana uBranham.”

232 Khona ngoko uyakufumana umntu othi, “Aha, kodwa ufunda oko bakubhale kumakhadi abo omthandazo! Ukufunda ingqondo!” Ngokuqinisekileyo kuya kukwenza oko.

233 Ndize ndithi, “Kulungile, ngoku kuleCawe asizi kukhupha makhadi omthandazo. Ndifuna wonke umntu olapha, ongumhambi, ongazange abelapha ngaphambili, ame ngenyawo.” ‘Yabona? Kwaye—kwaye ngoko uMoya oyiNgcwele uza kujikeleza acalule yonke into ekubo. ‘Yabona? Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mh.] Niyibone ngako kokubini.

234 “Owu, kulungile, kukho nto ingalunganga ngaloo nto.”  
 ’Yabona? ’Yabona? Akukho, akukho ndlela, a—a—awungekhe  
 . . .’Yabona, okoko nje uSathana enokungena, uyakusuka nje  
 akwenze ukholwelwe nantoni na.

Kwaye uyakukubonisa sonke isiphoso endinaso, ndinazo ke  
 zininzi anokukubonisa zona. Kodwa musa ukukhangela kuzo!  
 Musa ukukhangela kuzo. Ndingumntu. ’Yabona? Kodwa,  
 khumbula eli Lizwi likaThixo liyiNyaniso, kwaye ndizama  
 ukuphila ngaLo.

235 Ukuba ndiphumile apha ndaqalisa ukwenza into engeyiyo,  
 into engalunganga, ukona, ukusela, no, okanye ukutshaya,  
 okanye—okanye ndenza izinto ezingalunganga, u—ungeza  
 undibizele phantsi, kuba loo nto—loo nto ayifanelekanga. Ndi—  
 ndifuna ukulishiya ngoko ihlabathi. Andifuni. . .Ndifuna  
 ukumka ngaphambi kokuba kwenzeke oko. ’Yabona? Andifuni  
 kuyenza loo nto.

236 Kodwa okoko nje ndizama ukuphila ngokulungileyo  
 ndenze okulungileyo, ’yabona, ndizame ukuphila njengokuba  
 uMkristu emelwe, ndize ndivumele uThixo athathe iLizwi  
 laKhe andive ndimi ngakuLo. Nokuba Oko kundahlukanisa  
 nezingako izihlobo zam nodumo lwehlabathi, nezinto ezinjalo,  
 ndithiywe ngabaninzi, nangamahlelo, ndikhatyelwe  
 ngaphandle, nangoko ndifuna ukunyaniseka kweli Lizwi. Li  
 Lizwi likaThixo, kwaye ndiyamthanda uThixo. Kwaye ngoko  
 liLizwi likaThixo, ndi—ndiyanixelela ukuba, “Unguye izolo,  
 namhla, nangonaphakade,” kwaye Yena ungaphakathi kuthi  
 ngoku. Kwaye ukuba yi. . .

237 Ngoku, ukuba ubomi bukaShakespeare bebukum, buphila  
 kum, ukuba uShakespeare ebephila kum, bendingayikwenza  
 imisebenzi kaShakespeare? Ukuba uBeethoven ukum, andiyi  
 kwenza imisebenzi kaBeethoven? Ukuba umoya kaDillinger  
 ubukum, ukuba uJohn Dillinger ebephila kum,  
 bendingayikuba nguJohn Dillinger? Ukuba uBeethoven  
 ebekum, bendiyakuba nguBeethoven? ’Yabona? Ukuba uCastro  
 ebekum, bendiyakuba nguCastro? ’Yabona?

Kwaye ukuba uYesu Kristu ukum, ndiyakwenza imisebenzi  
 Yakhe, ngokuba nguYe. Kwaye akazange athi kuyakwenzeka  
 into enye? ’Yabona? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

238 Ngoku ebeya kwenza ntoni Yena ukuba Yena ebemi apha,  
 ukuba Yena nguye izolo, namhla, nangonaphakade?  
 Ebeyakuthi, “Ndenza kuphela oko uBawo andibonisa ukuba  
 ndikwenze.” Ingaba kunjalo? Kulungile, nantso indlela  
 Awenza ngayo izolo.

Ngoku ingaba isenguYe? Nithini ngokugula? Intlawulo  
 yakho sele ihlawulwe. Nonke ngabanye kuni sesiphilisiwe isifo  
 senu. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.—Mhl.] Ngenxa



yoko...Nonke ngabanye nixolelwe, koko nimelwe kukuthi nikwamkele oko. Nonke ngabanye niphilisiwe, koko nimelwe kukukwamkela oko.

<sup>239</sup> Ngoku, ubonakalisa ukuba unguYe izolo, namhla, nangonaphakade. Ukuba Ebemi apha, Ebenganakukuphilisa, konke, ngenxa yokungakhohwa kwakho. Ubuyakunyanzeleka ukuba ukukholwe oko, kanye njengokuba umelwe kukukukholwa kanye ngoku. Bekuya kuba yinto enye, 'yabona. "Ngokuba, mininzi imisebenzi yamandla Awayengazange abe nokuyenza ngomhla waKhe, ngenxa yokungakhohwa kwabo." Ingaba kunjalo? Imisebenzi emininzi yamandla Akanakuyenza namhlanje, ngenxa yokungakhohwa.

<sup>240</sup> Ngoku, ngubani owakuchaza kwangaphambili *oko?* NguThixo. Ngubani owakuthethayo *oko?* NguThixo. Yayingubani owakwenzayo *oko?* NguThixo. Yayingubani owathi apho ibhere, ixhama, icaribou, zonke ezinye ezi, nesixhenxe...zonke—zonke ezi zinto zenzekayo? Yayingubani owakuthethayo *oko?* NguYe, uKristu, okuthi, eZiprofetha ngathi, eZityhila, ukuba unguYe izolo, namhla, nangonaphakade.

Ngubani owemisa imimoya? Ngubani owadala oonomatse? IkwanguYe owadalela u-Abraham inkunzi yegusha, xa okwakhe...WaMbiza ngokuthi, "NguJehovah-jireh." Loo magama anxibeleleneyo okuhlangula asingisele kuYe. Usenguye uJehovah-jireh, "iNkosi eZibonelayo iDini."

<sup>241</sup> Ngoku, ngamnye kuni, ndi—ndifuna okona kunyaniseka kwenu kunzulu ngoku. Ukuba niyakholwa nje entliziyweni yenu yonke, akusayi kubakho mntu ubuthathaka phakathi kwethu, ngethuba la wotshi ibetha imizuzu emihlanu elandelayo. Akusayi kubakho mntu apha iyakuba ngabame ngenyawo zabo, bephilile, ukuba nje niyakukholwa. Ningakhohwa?

<sup>242</sup> Ngoku masibone ngoku ukuba Uyakuza na kuthi aZityhile, ngelithuba sithobe iintloko zethu.

<sup>243</sup> Nkosi Yesu, ngoku ndincele Wena. NdiyakuKuthobela, Nkosi, ngako konke endikwaziyo. Ndixolele izono zam nezigqitho. Ndiyathandaza eGameni likaYesu. Amen.

<sup>244</sup> Ngoku masithabathe eli cala lingapha, umntu othile olapha. Kholwa, yiba nokholo, musa ukuthandabuza! Umntu othile ongandaziyo, ukuba kunokwenzeka. Andinakutsho ukuba umbono uyangaphi na. Kumelwe nje kukuba ndiWukhangele. Kwaye ukuba Awukwenzi oko, ngoko uyakwazi, ukuba yanyaniso na okanye hayi. Kholwani nje kuphela ningathandabuzi. Ukuba Uyakuyenza loo nto, niyakukholwa, 'yabona, emva kwako konke oku kwenziweyo

namhlanje? 'Yabona? Yamkele nje impiliso yakho, 'yabona. Uthi, "Nkosi, ngoku ndichukumisa uYesu Kristu. Ndiyakholwa." Ngoku wanga uThixo weZulu angasipha oko.

<sup>245</sup> "Nguyena mkhulu Lowo ukuni, uKristu, kunalowo usehlabathini." Ngoku, enkonzweni, apho siMchukumisa khona, UyaZibonakalisa kwakhona; njengokuba umfazi wamchukumisayo uThixo, ngoKristu, waze wazibonakalalisa iintswelo zakhe.

<sup>246</sup> Ndiyabona ngoku phaya ekoneni apha, kukhangeleka ngathi yindoda, ibambeke kakhulu. Hayi, asiyiyo. Ngumfazi othandazela indoda, kwaye loo ndoda ayikho apha. Koko ngumfazi. Ndibona ukuba loo mfazi... Ngowakhe—nguyise wakhe, kwaye ufa ngumhlaza [icancer—Mguq.] [UMzalwana uBranham uyaphumla—Mhl.] Ubambeke kakhulu. Loo ndoda ayikho apha. Ikwenye indawo. Asililo, neli lizwe. Kuse, ise-Georgia. [UMzalwana uBranham uyaphumla.]

Thandaza njalo. Ukhohla ngentliziyo yakho yonke ngoku? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Thandaza njalo, 'yabona.

Igama lalomfazi, uthandazayo, linguNkosk. Jordan. Akaveli eGeorgia. Uvela emaNtla Carolina. Ukuba kunjalo nkosazana, yima ngenyawo zakho. Kulungile, yinyaniso yonke. [Lo dade uthi, "Enkosi Thixo! Enkosi Thixo!"—Mhl.] Ubuthandazela okunjalo? ["Ewe, mhlekazi; utata wam."] Kulungile. Kulungile. [Lo dade uyaqhubeka ukuthetha ngoyise.]

Uyakholwa, ukuba, "Lowo ukuwe mkhulu kunalowo usehlabathini"? [Lo dade uthi, "Ndiyakholwa."—Mhl.] Uyakholwa ukuba Lowo u... .

<sup>247</sup> Khangela, nantsi enye into. Wafumana uqeqesho olukhulu kwimihla yakho yobutsha, okanye into eyenye, ngokuba kukhangeleka ngathi uxubene okanye ukuhlobo oluthile lobuKristu... Akangomfundisi utata wakho, okanye umntu othile ololohlobo, omnye wabantu bakowenu, okanye into enjalo? [Lo dade uthi, "Ngumyeni wam."—Mhl.] Ngumyeni wakho, nguye kanye. Ndibona umntu othile emi ngakuwe, eshumayela iVangeli, kwaye wawusenkonzweni. Wayehlangene nawe. ["Mayibongwe iNkosi!"] Kulungile, nantso ke.

Ngoku, eli nenekazi andilazi, kodwa uThixo uyamazi lo mfazi.

<sup>248</sup> Ngoku, unento kwincwadana yakho yepokotho, itshefu encinane okanye into ethile apho? Kulungile, ngoko ungabe... .Wakuhlala phantsi, uzubeke izandla zakho phezu kwaloo tshefu, ungathandabuzi kwaye Lowo ungaphekathi kuwe nguyena mkhulu kunalowo ubulala utata wakho. Kholwa ngentliziyo yakho yonke, ngoko kuyakuba njengokuba ukholwa.

<sup>249</sup> Ngoku, ndifuna ukunibuza into. Andimazi laa mfazi. Ngokwam ukwazi, lityeli lokuqala, ndiyaqikelela, ndimbona. Kodwa yena uhleli phaya ekwimeko yokuphelelwa lithemba, ethandaza. Kwaye kwa lo Thixo wakwaziyo ukuguquka axelele laa mfazi ngethombo lakhe legazi, ikwa nguThixo omnye lo ulapha, ebonakalisa ukuba Lowo ukuni uleyisile ihlabathi. Niyakholwa? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ukuba ningaba nokholo nje, ningathandabuzi.

<sup>250</sup> Sisathetha nge-cancer ndibona elo thunzi limnyama kwakhona. Liphezu komfazi, ohleli kanye *apha*. Unecancer yomqala, kwaye ukwimeko embi. Kwaye ebekhe wathandazelwa, ezama ukwamkela impiliso yakhe. Nkosk. Burton, ukuba uyakukholwa! Andimazi laa mfazi. Kodwa ukuba uyakukholwa ngentliziyo yakho yonke . . . Ngenene, into inye . . .

Mandicacise oku kuwe, into ozama ukuyenza. Ulahlekelwe lilizwi lakho, ngenxa yayo, kwaye uzama ukuthandazela ilizwi lakho ukuba libuye. Ingaba kunjalo? Shukumisa isandla sakho *kanje*. Ngoku lo mfazi ungowasemzini kum. Andimazi. Niyambona? Injalo loo nto. Ewe, nankuya. 'Yabona? "Nguyena mkhulu Lowo ukuwe, ukholo olunokuMchukumisa, kunalowo usemqaleni wakho.

Niyakholwa ngentliziyo yenu yonke? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

<sup>251</sup> Dade uLarsen, ndiyakwazi. Ungumnini-ndawo endihlala kuyo. Kodwa, Dade uLarsen, ubuye kwagqirha, okanye into enjalo, ubuye kwagqirha okanye into eyenye. Ulindelwe luqhaqho. Injalo loo nto. Ingaba kunjalo? Nguyena mkhulu Lowo ukuwe, Dade uLarsen, kunalowo usehlabathini. UYesu wathi, "Ndandingowasemzini, naze naNdingenisa endlwini. Konke enithe nakwenza, kwaba bangabancinane baM, nikwenze kuM."

Owu Bawo waseZulwini, yiba nenceba!

<sup>252</sup> Ucinga ntoni? Ulindelwe luqhaqho, nawe. Ungowasemzini kum. Ingaba kunjalo? [Lo dade uthi, "Ewe."—Mhl.] Awungowalapha. ["Ndiyakwazi, kodwa wena awundazi."] Uyandazi, kodwa mna andikwazi. ["Awundazi."] Kodwa uThixo uyakwazi. Uyakholwa yiloo nto? ["Ewe, ndiyakholwa."] Ulindelwe luqhaqho. Awuhlali apha. Ukufutshane eBedford, eSpringville, into elolo hlobo . . . Kulapho kanye, eSpringville. Nkosikazi. Burton . . . Hayi, ndicela uxolo bendingathethi oko. Nkosk. Parker, ligama lakho elo. Asililo? Nguyena mkhulu Lowo ukuwe, kunalowo uzama ukukubulala. Ingaba kunjalo? Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Ngoko awusayi kuluswela uqhaqho, ukuba uyakholwa.

<sup>253</sup> Ucinga ntoni ngayo yonke le nto, dade? Andikwazi. Ungowasemzini kum. Uyakholwa kum ukuba ndingumprofethi

waKhe? [Lo dade uthi, “Ndiyakholwa.”—Mhl.] Uyakholwa. Enkosi. UThixo uyakuyihlonela loo nto. UnguNkosk. White. Uvela eFort Worth eTexas. Unesifo sezihlunu, nemeko yemithambo luvo. Ubambeke kakhulu. Akukho themba ngawe, ngokubhekiselele kumayeza enzululwazi. Umyeni wakho, unentswelo yomoya abeyithandazela. Unonyana apho, unenkathazo yomqolo wakhe, nenkathazo yentliziyo. Unenkwenkwe encinane ayisingathileyo. Loo nkwenkwe incinane inohlobo oluthile lokuthetha othandaza ngako. Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho. [Umyeni uthi, “Kunjalo. Zezo iintswelo zethu.”]

“Nguyena mkhulu Lowo ukuni, kunalowo usehlabathini.” Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngentliziyo yenu yonke? [“Amen.”] Ngayo yonke? [“Amen.”]

Ngoku masithobe iintloko zethu.

<sup>254</sup> Ngoku Ungene wanqumla kwesisakhiwo. Uniqondakalalisele ukuba Yena unguThixo. “Nguyena mkhulu Lowo ukuni, kunalowo usehlabathini.” UyiNkosi uThixo. Ngoku, Lowo ukuni, mayibe nguYe ongowokuqala. Mayibe nguYe onokuthetha koko—koko wena u. . .

Yithi entliziyweni yakho khona ngoku, ukuba unako, ngentliziyo yakho yonke, ukukholwe, “Isifo ebesise mzimbeni wam simkile.” ’Yabona? “Andisabambekanga. Andisenasifo. Lowo ukum nguyena mkhulu kunalowo usemzimbeni wam. Lowo usentliziyweni yam nguyena mkhulu kunalowo usenyameni yam. Ngoko ke, Lowo usentliziyweni yam wadala aMazulu nomhlaba. Inyama yam ibingcoliswe nguSathana, kwaye mna ndiyitempile yoMoya oyiNgewele ukuba uhlafe kuyo. Ngoko ke, Sathana, ndiyakuyalela ukuba uwushiye umzimba wam. EGameni likaYesu Kristu, phuma kum.” ’Yabona? Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

Ngoku masithandaze sonke ngendlela yethu ngoku, mntu ngamnye, ngoku ndinithandazelayo.

<sup>255</sup> Thixo onamandla Onke, uMdali waMazulu nomhlaba, iMbangi yobomi, uMtyhili weemfihlelo zentliziyo, wathi Wena, “ILizwi likaThixo libukhali ngaphezu kwamakrele onke antlangothi-mbini, lihlabala liCalule ingcingane zengqondo.”

<sup>256</sup> Naso isizathu, xa iLizwi lenziwa inyama, lazi ukuba babecinga ngantoni na, njengokuba Wazibonayo iingcinga zabo. WayeliLizwi, kwaye iLizwi lazazi iimfihlelo zeentliziyo zabo.

Kwaye elo Lizwi liseliLizwi elinye. Kwaye ngokuhlwanje siLibona liZityhila kuthi, emva kwamawaka amabini eminyaka, ngokuba WaLibhala ephapheni kwaye ulapha elingqinela, elibonakalalisa, ukuba liyinyaniso.

257 Nazi iitshefu zilele apha. Abantu abagulayo bakwiindawo zonke. Ndiyathandaza ukuba uMoya oyiNgcwele omkhulu okhoyo, obonakalisa ezi zinto, oxela ezi zinto, ongaze usilele, kube koko kukuko kuphela, nangexesha elinye Awunakusilela, ngokuba UnguThixo. Makathi Yena athambise ezi tshefu ngoBukho baKhe, aphilise wonke umntu ogulayo eziyakubekwa phezu kwakhe. Aze uThixo Onokuphila emva kwamawaka amabini eminyaka, abe nokuZibumbela kwintliziyo yomoni ohlangulwe ngobabalo nokholo, onokuthetha aMazwi AngawaKhe ngemilebe yomntu, akukhangele kusenzeka kanye oko Wakuthembisayo.

258 Owu Nkosi Thixo, ndiyaKucela ukuba ubenceba. Kuthi yanga yonke indoda nomfazi obehleli ekho, onalo naluphi na uhlobo lwesigulo nenkxwaleko; kwaye njengokuba uMoses waziphosa ethubeni ngenxa yabantu ngokuhlwanje ndibeka intliziyo yam phambi kwaKho, Nkosi. Kwaye ngalo lonke ukholo endinalo, olukuWe, Ondinike lona, ndilunika bona. Njengokuba uPetros wathi kwisango elibizwa ngokuba Lihle, “Oko ndinako, ndikunika kona. eGameni likaYesu Kristu waseNazarete, phakama uhambe.” Yaze indoda yaqhwa lela i—ityhafile okwemizuzwana embalwa, kodwa, bakuba beyibambile, amaqatha ayo amkela amandla. Yaze yayakungena eNdlwini kaThixo, ixhuma, idumisa isikelela uThixo.

259 Wena nguwe izolo, namhla, nangonaphakade. Kwaye abapostile baKhe bathi, “Oko ndinako, ndikunika kona.” Yayilukholo. Kwaye ndithi; oko ndinako, ndikunika aba baphulaphuli! eGameni likaYesu Kristu waseNazarete, kumangale ukugula kwakho, kuba nguyena mkhulu Lowo ukuwe, kunoMtyholi ozama ukuthabatha ubomi bakho. Ningabantwana bakaThixo. Ningabahlangulweyo.

260 Ndiyamyala loo Sathana ukuba abayeke aba bantu. Wanga uThixo Owalibuyisa umva isitshingitshane ngalaa mini, uThixo Owenza imimoya namaza ukuba ipheze, wanga Yena angabonelela ukuba sonke isifo sisusiwe kwaba bantu, namandla kaKritu enziwe abonakalaliswe ebomini babo ngale yure. Wanga wonke umoni angaguquka. Wanga wonke umntu, ongekho kufutshane kuWe, angalungisa kanye ngale yure. Kwanga kunganjalo, eGameni likaYesu Kristu.


261 Mna, njengomalusi wenu, umzalwana wenu, ngalo lonke ukholo endinalo, ndimcelile uThixo ukuba alubeke kuni. Ndiyakholwa ukuba ndiyakukwamkela oko ndikucelileyo. Ngoku ukuba niyakuyikholwa loo nto kunye nam; ngolokholo ndinalo, ndiyaninika oko ukwenzela le yure.

Ke ngoku eGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo, kumangale ukubambeka kwakho, ukugula kwakho, uze uthi

kuko, “Unyanzelekile ukuba uhambe,” kuba ninalo ukholo lwenu ludibane nokholo lwam, namandla kaYesu Kristu, obukho baKhe obukwindawo zonke ngamaxesha onke bulapha ukuzakungqinela nokuqondakalisa Yena ukuba ulapha, buyakunenza niphile ngelixesha.

<sup>262</sup> Uyakholwa yiloo nto, nkosazana, wena ungqengqele kulebhedana yezigulana? [Lo dade uthi, “Injalo loo nto.”—Mhl.] Nangona izihlunu zakho zingalohlobo balubizayo, ukuqina kwemithambo nezinto ezinjalo, unganako ukuhamba ukuba uyakuzama. Yima ngenyawo, eGameni likaYesu Kristu. Mncedeni phaya. Nanko ehamba. Anikholwa? Ninonke yimani ngenyawo ukuba niyakholwa. Kholwani koko! Amaqatha akhe omelezekile.

Ngoku masiphakamise izandla zethu siMnike udumo.

<sup>263</sup> Yehova oMkhulu Thixo, eGameni likaYesu Kristu, sizinikela kuWe ukuze siphiliswe. Amen. 

*Lowo Ungaphakathi Kuni, Umq. 5 Inani 2  
(He That Is In You, Vol. 6 No. 12R)*

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe ngorhatya umhla 10 Novemba, ngowe-1963, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1996 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)